| | Ukuvelisa amaphulo entengiso yeemveliso ezahlukahlukeneyo zePlayhouse Company | Isicwangciso sentengiso siyasebenza ngowama-31 kweyoMqungu qho ngonyaka | 1 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |
| | Ukuqinisa ubudlelwane/ unxulumano nabathathi-nxaxheba abafanelekileyo | Isicwangciso solawulo lwabathathi-nxaxheba siyasebenza ngowama-31 kweyoMqungu qho ngonyaka | 1 | 1 | 1 | 0 | Ayikho |

| Iziphumo: Iinjongo ezingundoqo | Iintshukumo zokufezekisa iinjongo | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2019-2020 | Impumelelo ekhoyo 2018-2019 | Injongo ecetyiweyo 2019-2020 | Impumelelo ekhoyo 2019-2020 | Ukuphambuka: okucetyiweyo/ okukhoyo 2019-2020 | Ingcaciso yokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 1.4 Ukuqinisekisa ukuxhotyiswa kwababukeli okukuko ngokumiliselwa kwenkqubo yezobugcisa | Ukuzimasa kwababukeli abakuma-250 000 per ubuncinane ngonyaka (ababukeli ababhatalayo nabangabhataliyo) | Ukuzimasa kwababukeli kunye nengxelo yentengiso yamatikiti kufuneka zibonise ukuzimasa kwababukeli abakuma-250 000 ubuncinane ngonyaka (ababhatalayo nabangabhataliyo) | 218 997 | 250 000 | 183 701 | (66 299) | kumisiwe ukuboniswa kwemveliso enkulu ebiza kuboniswa ekupheleni konyaka ngenxa yeemeko ezingaphaya kwamandla ajongene nazo amagcisa ukanti nokumiswa ngxi kweenkonzo nokusebenza ngena yeCovid 19 kubangele ukumiswa kweminye imiboniso ngeyoKwindla ngo-2020 |
| | Ukuzimasa kwababukeli ababhatalayo abakuma-45 000 ngonyaka ubuncinane | Ukuzimasa kwababukeli kunye nengxelo yentengiso yamatikiti kufuneka zibonise ukuzimasa kwababukeli abakuma-45 000 ubuncinane ngonyaka | 81 307 | 45 000 | 71 651 | 26 651 | Iofisi yokubhukishela izihlalo ifunwe ngokugqithisileyo koko bekulindelekile |
| 1.5 Iinkonzo zobuchwepheshe baseqongeni: ukuqinisekisa ukusebenza ngokukuko kwazo zonke iindawo zokubonisa nezixhobo zethiyetha, isandi, izibane, impahla enxitywa xa kudlalwa kunye nestudiyo sokushicilela | Ukuphengulula nokumilisela izicwangciso zokugcina zonke iindawo nezixhobo: isandi, izibane, impahla enxitywa xa kudlalwa kunye nestudiyo sokushicilela | Ikho ingxelo yenyanga yokugcina nenobungqina bokuphucula zonke iindawo nezixhobo, isandi, izibane, impahla enxitywa xa kudlalwa kunye nestudiyo sokushicilela | 12 | 12 | 12 | 0 | Ayikho |
| 1.6 Ukunika inkonzo yokukhathalela abathengi ekumgangatho ophezulu kwindawo yolwamkelo iFront of House | Ukwenza uphando oluqhubekayo lokwaneliseka kwabathengi | Ukunika ingxelo yophando lokwaneliseka kwabthengi qho ngenyanga | 12 | 12 | 12 | 0 | Ayikho |

**Ukumanya ukusebenza nohlahlo-lwabiwo mali**

| | 2019/2020 | | | 2018/2019 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali | Ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Nganeno | Imali | Ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Nganeno |
| | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** |
| 1. Iinkonzo zobugcisa nezobuchwepheshe | 34 022 | 30 418 | 3 604 | 39 314 | 37 334 | 1 980 |
| **Imali iyonke** | **34 022** | **30 418** | **3 604** | **39 314** | **37 334** | **1 980** |

## 3.3. Inkqubo 3: Ingeniso

**A. Injongo yenkqubo** Ukwenza ingeniso yodidi lwesibini

**B. Inkcazelo:**

**B.1 Ubume** Icandelo lezemali lijongene nengeniso yotyalo-mali, icandelo lezobugcisa lijongene nengeniso enxulumene neemveliso lize icandelo leenkonzo zenkxaso lijongane nengeniso yerenti, eyeekhostyum, eyeesethi kunye neyempahla yeqonga.

**B.2 Amacandelo anoxanduva** Icandelo lezemali, elezobugcisa neleenkonzo zenkxaso

| Iinjongo ezinobuchule/ Iziphumo | Iintshukumo zokufezekisa iinjongo ezinobuchule | Iinkcukacha ezisisiseko | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina ngo 2019-2020 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina ngo-2020-2021 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina ngo-2021-2022 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina ngo-2022-2023 | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina ngo- 2023-2024 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Ukwandisa imithombo yengeniso yeziko. | Ukudibanisa nokumanya izixhobo zenkxaso-mali yeziseko zokusebenza neemfuno zeziko zemithombo eyahlukeneyo kuhlahlo-lwabiwo mali lonyaka | Uhlahlo-lwabiwo mali olugqibeleleyo oluquka imithombo yenkxaso-mali luvunywe liBhunga ngowama-31 kweyoMqungu ngo-2018 | Uhlahlo-lwabiwo mali olugqibeleleyo oluquka imithombo yenkxaso-mali lwenziwe ngowama-31 kweyoMqungu | Uhlahlo-lwabiwo mali olugqibeleleyo oluquka imithombo yenkxaso-mali lwenziwe ngowama-31 kweyoMqungu | Uhlahlo-lwabiwo mali olugqibeleleyo oluquka imithombo yenkxaso-mali lwenziwe ngowama-31 kweyoMqungu | Uhlahlo-lwabiwo mali olugqibeleleyo oluquka imithombo yenkxaso-mali lwenziwe ngowama-31 kweyoMqungu | Uhlahlo-lwabiwo mali olugqibeleleyo oluquka imithombo yenkxaso-mali lwenziwe ngowama-31 kweyoMqungu |

### Iinjongo ezinobuchule, izalathisi zokusebenza nempumelelo ekhoyo

| Iinjongo ezinobuchule | Impumelelo ekhoyo 2018-2019 | Injongo ecetyiweyo 2019-2020 | Impumelelo ekhoyo 2019-2020 | Ukuphambuka kwinjongo ecetyiweyo ukuya kwimpumelelo ekhoyo ngo-2019-2020 | Ingcaciso yokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|
| Ukwandisa imithombo yengeniso yeziko. | Iphunyeziwe. Uhlahlo-lwabiwo mali olugqibeleleyo oluquka imithombo yenkxaso-mali lufakwe kuhlahlo-lwabiwo mali oluvunywe liBhunga ngeyoMqungu | Uhlahlo-lwabiwo mali olugqibeleleyo oluquka imithombo yenkxaso-mali ngowama-31 kweyoMqungu | Iphunyeziwe. Uhlahlo-lwabiwo mali olugqibeleleyo oluquka imithombo yenkxaso-mali lufakwe kuhlahlo-lwabiwo mali oluvunywe liBhunga ngeyoMqungu | Akukho | Ayikho |

### Izalathisi zokusebenza ezingundoqo, iinjongo ezicetyiweyo nempumelelo ekhoyo

| Iziphumo: Iinjongo ezingundoqo | Iintshukumo zokufezekisa iinjongo | Izalathisi zokusebenza ezinokulinganiswa nezinobungqina 2019-2020 | Impumelelo ekhoyo 2018-2019 | Injongo ecetyiweyo 2019-2020 | Impumelelo ekhoyo 2019-2020 | Ukuphambuka: okucetyiweyo/okukhoyo 2019-2020 | Ingcaciso yokuphambuka |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 5.1 Ukwandisa imithombo yengeniso yodidi lwesibini | Ukumanya nokumilisela izicwangciso ezinabileyo zokwenza ingeniso yodidi lwesibini | IGosa eliyiNtloko yezeMali liza kumanya izicwangciso zengeniso yodidi lwesibini ukuze ziqukwe kuhlahlo-lwabiwo mali, ezikhoyo ngowama-31 kweyoMqungu qho ngonyaka | 2 | 2 | 2 | 0 | Ayikho |
| 5.2 Utyalo-mali: inzala encumisayo kwimali etyaliweyo ukuqinisekisa ukuthobela uMgaqo-nkqubo woTyalo-mali | Ukutyal'imali kwiibhanka zeli ezinkulu ngenzala engaphezulu kweqondo lenzala elinganeno nge-5% kwiqondo lenzala yemali-mboleko | Ukuqinisekisa utyalo-mali kwiibhanka zeli ezinkulu ngenzala engaphezulu kweqondo lenzala elinganeno nge-5% kwiqondo lenzala yemali-mboleko | Yes | Yes | Yes | 0 | Ayikho |
| 5.3 Ingeniso eyenziwe ngokuqeshisa izinto ngaphandle | Ukuvelisa nokumilisela isicwangciso sokuphumeza uhlahlo-lwabiwo mali olufunwayo olulungiselelwe ukuqeshisa ngeethiyetha ngaphandle | Ukuqeshisa ngeethiyetha ngaphandle kuza kwenza umyinge wama-90% wengeniso emisiweyo qho ngonyaka | 496% | 90% | 386% | 296% | Iindawo zemiboniso zifunwe kakhulu kunoko bekulindelekile |
| 5.4 Abaqeshi kwizakhiwo, iikhostyum, iisethi nezixhobo zeqonga | Ukuqinisekisa ukuba eli phulo lokuqeshisa ngeeofisi, iikhostyum, iisethi kunye nezixhobo zeqonga liza kuzifezekisa iinjongo zemali ezimisiweyo | Ukuqeshisa ngeeofisi, iikhostyum, iisethi kunye nezixhobo zeqonga kuza kwenza umyinge wama-75% wengeniso emisiweyo rhoqo ngonyaka | 76% | 75% | 103% | 28% | Iiofisi, iikhostyum, iisethi kunye nezixhobo zeqonga zifunwe ngaphaya koko bekulindelekile xa kuthelekiswa neminyaka egqithileyo |
| 5.5 Indawo yokubhukishela izihlalo | Ukuqinisekisa ukuba ingeniso efunyenwe kwintengiso yamatikiti iyahlangabezana neenjongo ezibekelwe imali ezimisiweyo | Intengo yamatikiti iza kufumana umyinge wama-90% wengeniso ebekelwe imali qho ngonyaka | 135% | 90% | 123% | 33% | Indawo yokubhukishela izihlalo ifunwe ngaphaya koko bekulindelekile |

### Ukumanya ukusebenza nohlahlo-lwabiwo mali

| | 2019/2020 | | | 2018/2019 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali | Ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Nganeno | Imali | Ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Nganeno |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Ukumanya ingeniso | 11 476 | 14 380 | (2 905) | 16 449 | 17 754 | (1 305) |
| **Imali iyonke** | **11 476** | **14 380** | **(2 905)** | **16 449** | **17 754** | **(1 305)** |

# 4. Isishwankathelo Seenkcukacha Zemali

## 4.1. Ukuqokelela ingeniso

| | 2019/2020 | | | 2018/2019 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali | Ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Nganeno | Imali | Ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Nganeno |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Izibonelelo zemisebenzi | 60 890 | 63 126 | (2 236) | 57 931 | 57 931 | 0 |
| Izibonelelo eziyinkunzi | 6 537 | 951 | 5 586 | 31 852 | 27 840 | 4 012 |
| Ingeniso eyenziwe licandelo lezemali | 6 207 | 6 799 | (592) | 6 502 | 7 036 | (534) |
| Ingeniso yeemveliso | 3 038 | 3 744 | (706) | 2 893 | 3 898 | (1 005) |
| Ingeniso yokuqeshisa | 495 | 550 | (55) | 471 | 577 | (106) |
| Ukuqeshisa ngempahla enxitywayo xa kudlalwa eqongeni, eyokuhombisa kunye neyeqonga | 326 | 388 | (62) | 608 | 321 | 287 |
| Ingeniso yamaxesha thile | 1 332 | 1 429 | (97) | 1 824 | 2 302 | (478) |
| Eyestudiyo sokushicilela | 78 | 120 | (42) | 360 | 58 | 302 |
| Ingeniso yenkxaso-mali | 0 | 1 350 | (1 350) | 3 791 | 3 562 | 230 |
| **Imali iyonke** | **78 903** | **78 457** | **445** | **106 232** | **103 525** | **2 707** |

## 4.2. Inkcitho yenkqubo nganyee

| Igama lenkqubo | 2019/2020 | | | 2018/2019 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali | Ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Nganeno | Imali | Ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Nganeno |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Iinkonzo zobugcisa nezobuchwepheshe | 34 022 | 30 418 | 3 604 | 39 314 | 37 334 | 1 980 |
| Ulawulo lwequmrhu necandelo lezemali | 15 938 | 15 180 | 758 | 15 432 | 15 241 | 192 |
| Imicimbi yabasebenzi | 3 025 | 3 003 | 2 506 | 2 918 | 3 389 | (471) |
| Iinkonzo zenkxaso | 29 907 | 26 919 | 2 988 | 30 001 | 24 575 | 5 426 |
| **Imali iyonke** | **82 870** | **75 023** | **7 848** | **87 665** | **80 539** | **7 126** |

| Infrastructure Projects | 2019/2020 | | | 2018/2019 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Imali | Ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Nganeno | Imali | Ekhoyo | (Ngaphezulu)/ Nganeno |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Izixhobo zase-ofisini | 300 | 412 | (112) | 725 | 642 | 83 |
| Izixhobo zeekhompyutha | 1 115 | 1 253 | (139) | 553 | 433 | 120 |
| Izakhiwo | 22 272 | 1 184 | 21 087 | 43 128 | 27 364 | 15 764 |
| Izixhobo zaseqongeni nezinye | 3 280 | 3 141 | 139 | 3 327 | 344 | 2 983 |
| **Imali iyonke** | **26 966** | **5 990** | **20 976** | **47 732** | **28 783** | **18 949** |

# INDIMA C: ULAWULO

## 1. Intshayelelo

Ulawulo lwequmrhu lubandakanya iinkqubo ezikhokela indlela iPlayhouse Company eyalelwa, elawulwa nethatyathiswa ngayo uxanduva. Ukongeza kwizinto zomthetho eziyimfuneko ezilawula iPlayhouse Company, iPlayhouse Company ilawulwa nguMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (iPFMA) kunye neenqobo eziqulethwe yiNgxelo kaKing engoLawulo lwamaQumrhu.

Amaqela anoxanduva lolawulo lwequmrhu yiPalamente, isiGqeba esilawulayo kunye neGosa elixhuzul'imikhala yolawulo kweli ziko likarhulumente

I-Playhouse Company ayibanga nazo iindibano neKomiti eyongamele imicimbi yeSebe lezoBugcisa neNkcubeko kulo nyaka-mali.

## 2. Ibhunga

### 2.1. Imisebenzi yeBhunga

Imisebenzi yeBhunga yile:

- Ukuvelisa imigaqo-nkqubo;
- Ukugcina, ukulondoloza nokukhusela yonke impahla engenakuchukunyiswa nenokuchukunyiswa eselugcinweni lwePlayhouse Company okanye ebolekwe okanye ekuyeyePlayhouse Company;
- Ukwamkela, ukugcina, ukulondoloza nokukhusela yonke imiboniso kunye nengqokelela yayo yonke impahla enokuchukunyiswa ebekwe elugcinweni naselulawulweni lweli ziko phantsi kweCandelo le-10 loMthetho wamaZiko eNkcubeko 10(1);
- Ukunyusa ingxowa-mali yePlayhouse Company;
- Ukuphatha nokulawula iimali ezifunyanwa yiPlayhouse Company kwakunye nokusebenzisa ezi mali ukuhlawula iindleko ezinxulumene nokwenziwa kwwmisebenzi yeli ziko;
- Ukugcina ingxelo eyiyo yempahla yePlayhouse Company, kunye nokuthumelela uMlawuli Jikelele naziphi na iingxelo azifunayo ngokunxulumene nokugcina iincwadi zokunik'ingxelo ezifanelekileyo;
- Ukumisa nokufaka endaweni yoMthetho wamaZiko eNkcubeko injongo yeziko elibhengeziweyo, ngemvume yoMphathiswa; kunye
- Nokufezekisa iinjongo zeli ziko elibhengeziweyo ngokubanzi.

IBhunga liya kumisela iiyure kunye nemiqathango eluya kuthi uluntu luyityelele phantsi kwayo iPlayhouse Company.

IBhunga linegunya lokuqesha abantu elibabona bekufanele ukwenza imisebenzi yePlayhouse Company. Imivuzo kunye nemigqaliselo nemiqathango yomsebenzi iya kumiselwa ngokungqinelana nangolungiselelo oluvunywe nguMphathiswa ecebisana noMphathiswa weZemali.

## Ukwakhiwa kweBhodi

| Igama | Umhla wokuqeshwa | Umhla wokushiya esikhundleni | Izidanga | Ubuchule | Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo | Umvuzo |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Nkszn Hlengiwe Christophina Mgabadeli<br>*Chairperson of Council* | 1 kweyoMnga 2017 | | BA Social Work, Honours in Sociology | Inkonzo kaRhulumente noLawulo | 5 | 50 726 |
| Mnu Sathie Gounden | 1 kweyoMnga 2017 | | CA (SA) | Ezemali, ulawulo lobungozi, Ulawulo lwequmrhu nophicotho-zincwadi | 5 | 27 872 |
| Nkszn Siphesihle Ndlela | 1 kweyoMnga 2017 | | BA Communications (UNISA) Hotel Management (ND) Durban Hotel School | Unxibelelwano nabaxumi kunye namajelo eendaba, kwakunye neentengiso | 4 | 19 162 |
| Nkszn Linda Zama | 1 kweyoMnga 2017 | | BA, LLB degrees | Umthetho, ulawulo nokuphatha | 2 | 0 |
| Mnu Abia Litheko | 1 kweyoMnga 2017 | | | | 6 | 31 586 |
| Nkszn Thandeka Mngadi | 1 kweyoMnga 2017 | | BA Humanities; MA Humanities | Ulawulo nolawulo lwemicimbi yabasebenzi | 6 | 31 586 |
| Mnu Nkosinathi Mbele | 11 kweyoMnga 2018 | | | Uphuhliso lwentlalo nolwezoqoqosho, ingcali yempahla elukiweyo nobugcisa bonxibelelwano | 6 | 31 586 |
| Mnu Fezile Wetes | 11 kweyoMnga 2018 | | BA Degree; Advanced Diploma in Labour Law; Advanced Diploma in Management; Graduate Diploma in Company Direction; BCom Honours in Human Resources Management | | 4 | 0 |
| Nkszn Lebogang Matlala | 11 kweyoMnga 2018 | | CA (SA) | Ezemali, ulawulo lobungozi, ulawulo lwequmrhu, uphicotho-zincwadi, ulawulo lokufumana nokuthenga izinto nocwangciso | 1 | 0 |
| Nkszn Khwezi BL Kunene | 22 kuCanzibe 2018 | | BSc Property Development | Uthelekelelo lobuninzi, Ulawulo lweekontraktha | 6 | 0 |

## Iikomiti zeBhodi

| Members | Ikomiti yezemali neyokufumana izinto | Ikomiti yolawulo nophicotho-zincwadi | Ikomiti ejongene nemicimbi yabasebenzi | Ikomiti ejongene nobugcisa nokunyus'ingxowa-mali |
|---|---|---|---|---|
| Nkszn Hlengiwe Christophina Mgabadeli | | | | |
| Mnu Sathie Gounden | ✓ | | ✓ | |
| Nkszn Siphesihle Ndlela | ✓ | | | ✓ |
| Nkszn Linda Zama | | ✓ | | |
| Mnu Abia Litheko | ✓ | | ✓ | |
| Nkszn Thandeka Mngadi | | | ✓ | ✓ |
| Mnu Nkosinathi Mbele | | ✓ | | |
| Mnu Fezile Wetes | | | ✓ | ✓ |
| Nkszn Khwezi BL Kunene | ✓ | | ✓ | |
| Nkszn L Matlala | ✓ | | | ✓ |

# 3. Ulawulo Lobungozi

IPlayhouse Company inomgaqo-nkqubo wolawulo lobungozi okhokela inkqubo yokwalatha nokulawula ubungozi. Lo mgaqo-nkqubo uyaphengululwa rhoqo ngonyaka. Ulawulo lobungozi yinkqubo apho iGosa elixhuzul'imikhala yolawulo ePlayhouse, iGosa eliyiNtloko yezeMali kunye nabanye abaphathi abayintloko bathi balathe baze bachaze ubungozi obukhoyo nobuvela rhoqo kushishino, kwezemali nakumsebenzi owenziwa liziko baze kananjalo baqulunqe iindlela ezifanelekileyo nezingangeni nzulu epokothweni zokukhawulelana nobu bungozi, bekwenza oku rhoqo ngenjongo nangenkuthalo.

Ulawulo lobungozi olunamandla luyimfuneko kakhulu ePlayhouse Company khon' ukuze eli ziko lizalisekise igunya lalo lokunika iinkonzo ezilindelwe luluntu kunye nelokusebenza kwalo okulindelwe liSebe lezoBugcisa neNkcubeko.

Irejista yobungozi iyaphengululwa rhoqo ngonyaka emva kwendibano yabaphathi nawo onke amaqela olawulo anxulumene nokwalathwa kobungozi. Irejista yobungozi isetyenziselwa ukuhlahl'indlela yesicwangciso seminyaka emithathu sophicotho-zincwadi lwangaphakathi esiphengululwa size siphunyezwe yiKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo kunye neBhunga.

Inkqubela-phambili yeenguqu kulawulo lobungozi obalathiweyo iqwalaselwa kwiindibano zabaphathi ezibanjwa qho ngenyanga.

# 4. Icandelo Lolawulo Lwangaphakathi

Ulawulo lwangaphakathi luxanduva lomphathi ngamnye. Sinemigaqo-nkqubo neenkqubo esizisebenzisayo ukumisela ulawulo lwangaphakathi yaye imigaqo-nkqubo yethu iphengululwa rhoqo ngonyaka ukuqinisekisa ukuba ihambisana nemithetho nemimiselo ekhoyo nelawulayo. Abaphathi baphucula ulawulo lwangaphakathi besebenzisa iziphumo zolawulo lwangaphakathi ezivela kubaphicothi-zincwadi.

# 5. Uphicotho-Zincwadi Lwangaphakathi

IPlayhouse Company inoMqulu woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ophengululwayo rhoqo ngonyaka. Lo Mqulu woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi waveliswa ukuze uchaze ubume beziko, iinjongo, igunya noxanduva lwecandelo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi olufunyanwa ngaphandle. Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi luqhutywa ngamagatya eCandelo le-3.2 leMimiselo kaNondyebo kunye neCandelo lama-38(1)(a)(i) nelama-76(4)(e) lePFMA kwaye ludlala indima ebalulekileyo kwiinzame zokuqinisa ulawulo lwePlayhouse Company.

Injongo engundoqo yophicotho-zincwadi lwangaphakathi ePlayhouse Company kukunika ingqiniseko ezimeleyo kunye neengcebiso ngeenkqubo zolawulo lwangaphakathi, iinkqubo zolawulo lobungozi kunye nezolawulo, kwakunye nemisebenzi nokusebenza kwePlayhouse Company ngokunxulumene nemithetho, imimiselo kunye nemigaqo-nkqubo elawulayo.

Nasi isishwankathelo seemfanelo eziqukunjelwe kulo nyaka-mali ngokuhambisana nesicwangciso esivunyiweyo seziganeko zophicotho-zincwadi lwangaphakathi:

1. Ukuhlolwa kwee-CAAT ngokunxulumene okufunyanwa kwezinto nomqulu wemivuzo
2. Uphengululo lolawulo lwempahla yexabiso
3. Uphengululo lwemicimbi yabasebenzi
4. Ezempilo nokhuseleko emsebenzini
5. Uphengululo lweenkcukacha zokusebenza

# 6. Ikomiti Yophicotho-Zincwadi Nolawulo

IPlayhouse Company inoMqulu weKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo ophengululwayo rhoqo ngonyaka.

Eyona njongo engundoqo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo kukuncedisa iBhunga ekwenzeni imisebenzi yalo enxulumene nokukhusela impahla yexabiso, ukusebenzisa iinkqubo ezifanelekileyo, inkqubo yolawulo kunye nokulungisa iingxelo zemali ezichanekileyo ngokuthobela zonke iimfuno zemithetho elawulayo kunye nemigangatho yokunika ingxelo.

Imisebenzi yeKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo yile ilandelayo:

1. Ukongamela, ukulungelelanisa kunye nokuthelekelela ixabiso lophicotho-zincwadi olwenziwa ngabaphicothi-zincwadi bangaphandle nabangaphakathi kweli ziko;
2. Ukugcina unxibelelwano oluvulelekileyo kwiBhunga ngokubamba iintlanganiso rhoqo, ukuqinisekisa ukuba abaphicothi-zincwadi bangaphakathi nabangaphandle babelana ngezimvo nolwazi lwabo kwiziko kwanokuqinisekisa igunya noxanduva abanalo;
3. Ukusebenza njengegqiza elizimeleyo nelingathabathi cala ukuze liphononongе iinkcukacha zemali elizinikwa ngabaphathi beziko;
4. Ukuphononongа ukufaneleka kolawulo olukhoyo lweengxelo nolokunika iingxelo;
5. Nokuvula indlela yonxibelelwano phakathi kwabaphicothi-zincwadi bangaphakathi nabangaphandle kunye neBhunga.

# 7. Ukuthobela Imithetho Nemimiselo

NgokweCandelo lesi-4 loMthetho wamaZiko eNkcubeko, iPlayhouse Company iliqumrhu kwaye iPlayhouse Company, iBhunga kunye nawo onke amalungu alo kufuneka bathobele imithetho-siseko yolawulo lwequmrhu olunobulungisa kunye nayo yonke imithetho nemimiselo elawulayo.

Abaphathi bePlayhouse Company banika ingxelo ngokuthotyelwa kwemithetho nemimiselo rhoqo ngekota. Kuqulunqwa uluhlu olulandelwayo lwePFMA kwaye nakuphi na ukungathotyelwa kwalo kuxelwa kwiBhunga nakwiikomiti eziphantsi kwalo.

# 8. Ubuqhophololo Norhwaphilizo

IPlayhouse Company inesicwangciso sokuthintela ubuqhophololo esiphengululwa rhoqo ngonyaka.

Esi sicwangciso sigqala amaphulo asisiseko okuthintela ubuqhophololo norhwaphilizo ePlayhouse Company.

Iinjongo ezingundoqo zesi sicwangciso zezi zilandelayo:

1. Ukunika izikhokelo zokuthintela, ukubhaqa nokuxela izenzo zobuqhophololo;
2. Ukudala umkhwa okhuthaza bonke abasebenzi kunye nabathathi nxaxheba ukuba bathi gqolo ukwenza izinto ngokusesikweni xa besebenza egameni lePlayhouse Company;
3. Ukukhuthaza bonke abasebenzi nabathathi nxaxheba ukuba basebenzele ukulithintela nokulibona ifuthe elikhoyo okanye elinokwenziwa bubuqhophololo ePlayhouse Company;
4. Ukukhuthaza bonke abasebenzi kunye nabathathi nxaxheba ukuba baxele xa bekrokrela izenzo zobuqhophololo bengenaloyiko lokutshutshiswa okanye ukumangalelwa;
5. Kunye nokunika ugqaliso lokwaba ukunikwa kwengxelo kunye negunya.

# 9. Ukunciphisa Imbambano Yemidla

Abaphathi nabasebenzi becandelo lezemali bazalisa ifomu yokubhengeza imidla yabo rhoqo ngonyaka. Abaphathi nabasebenzi bayakhuthazwa ukuba bayihlaziye le fomu rhoqo xa kukho iinguqu ezivelayo kwiimeko zabo.

IPlayhouse Company inoMgaqo-nkqubo weMikhwa esesikweni nokhokela abasebenzi kwiimeko apho kunokubakho khona imbambano yemidla.

# 10. Umgaqo Wokuziphatha

I-Playhouse Company inoMgaqo-nkqubo weMikhwa esesikweni kunye noMgaqo-nkqubo woMgaqo woKuziphatha ekhokela abasebenzi kwindlela amabaziphathe ngayo emsebenzini.

UMgaqo-nkqubo woMgaqo woKuziphatha uxhonywe kuzo zonke iibhodi zezaziso ezikhoyo ePlayhouse Company. Ukuze abasebenzi bakwazi ukwenza isigqibo ngentshukumo emayithatyathwe nokumisela izinto eziyimikhwa esesikweni kufuneka banike ingqalelo baze bakhokelwe zezi zinto zilandelayo:

- Imigaqo-nkqubo yeli ziko;
- Imithetho yelizwe;
- Indlela yokuziphatha kunye nemikhwa eyamkelekileyo jikelele;
- Kunye nezimilo neenqobo zabo ezisemgangathweni.

Xa kukho nasiphi na isenzo esiphambukayo kwezi zinto zibalulwe apha ngasentla eso senzo siya kuthi sithatyathwe njengokuziphatha gwenxa.

Xa umsebenzi ethe wophula uMgaqo-nkqubo weMikhwa esesikweni okanye uMgaqo-nkqubo woMgaqo woKuziphatha kuya kuthi kulandelwe inkqubo eqhelekileyo yezikhalazo neyoluleko yecandelo lemicimbi yabasebenzi.

# 11. Imiba Yezempilo, Eyokhuseleko Kunye Neyokusingqongileyo

Rhoqo ngonyaka iPlayhouse Company yenza uvavanyo lokuthotyelwa kwemimiselo yezempilo nokhuseleko. Isiphumo solu vavanyo siso esazisa iPlayhouse Company ngeendawo ezifuna ukuphuculwa nokumiliselwa.

Ukuthobela imimiselo yezempilo neyokhuseleko ngomnye umba okwizalathisi eziphambili zokusebenza ezikwisicwangciso sokusebenza sonyaka sikaManejala weeNkonzo zeNkxaso.

IPlayhouse Company iyithobela ngokupheleleyo yonke imimiselo yezempilo neyokhuseleko.

# 12. Uxanduva Lwasekuhlaleni

Injongo yePlayhouse Company kukuphucula, ukukhuthaza nokulondoloza ubugcisa obuboniswayo ngokuthi yenze ize ibonise imiboniso eyonwabisayo nefundisayo, kwaye iboniswe kwiindidi ngeendidi zababukeli.

IPlayhouse Company iyithabatha le njongo yayo njengoxanduva enalo eluntwini nasekuhlaleni.

Inkqubo yezobugcisa ePlayhouse Company ikulungele ukwenza umsebenzi wayo woxanduva lwasekuhlaleni.

Phakathi kweenkqubo ezilungiselelwe uxanduva lwasekuhlaleni, kusetyenziswa iqonga elijikelezayo ukuhambisa iinkqubo zokufikelela eluntwini kwiindawo ezisemaphandleni apho abantu bengakwazi ukufikelela kwithiyetha ukuze babone imidlalo yeqonga. Abanye kwaba bantu bayibona okokuqala ngqa ezimbalini imiboniso edlalwa ngqo kwaye loo nto ibavuyisa kakhulu.

Iqonga elijikelezayo likwasetyenziswa ukubonisa imiboniso yemisebenzi yezikolo kwiindawo ezisemaphandleni. Ngabantwana besikolo abangaphaya kwama-74 000 abafumene ithuba lokubona umboniso ngqo wemisebenzi yesikolo eqongeni. Mhlawumbi aba bantwana babengasoze balifumane eli thuba lokubukela umboniso weqonga.

# 13. Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi

Ikomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo (iKomiti), inika ingxelo yayo yonyaka-mali ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngowama-2020.

## Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi nokuzimasa iintlanganiso

IKomiti yakhiwe ngamalungu amahlanu nadweliswe apha ngezantsi yaye kufuneka abambe iintlanganiso ezine ngonyaka ubuncinane ngokwegunya layo elinikiweyo. Zine iintlanganiso ezibanjwe yile Komiti kulo nyaka.

| Igama | Izidanga | Ngaphakathi okanye ngaphandle | Umhla atyunjwe ngawo |
|---|---|---|---|
| Judge Leona Valerie Theron | Master of Law, Bachelor of Laws and Bachelor of Arts | Ngaphandle – uSihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo | 25 kuCanzibe 2018 |
| Nkszn Charmaine Jugnarayan | CA (SA), RA | Ngaphandle | 25 kuCanzibe 2018 |
| Mnu Rodger Ashe | | Ngaphandle | 25 kuCanzibe 2018 |
| Nkszn Linda Zama | BA, LLB degree | Ngaphakathi | 23 kweyoMdumba 2018 |
| Mnu Nkosinathi Mbele | | Ngaphakathi | 25kweyoMqungu 2019 |

## Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo

Le Komiti ivakalisa ukuba ilufezile uxanduva lwayo olumiselwe kwiSahluko sam-38(1)(a) soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente woku-1 ka-1999 kunye noMmiselo kaNondyebo 3.1. Kwakhona le Komiti ivakalisa ukuba yamkele imiqathango esesikweni efanelekileyo njengomqulu wayo woPhicotho-zincwadi noLawulo, imicimbi yayo iyilawule ngokwalo mqulu yaye iyenzile imisebenzi yayo eyalelwa ngulo mqulu. Lo mqulu uyaphengululwa qho ngonyaka uze wamkelwe yiKomiti emva kokuba uvunywe ligosa elithabath'uxanduva.

## Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi

Le Komiti ilungelelanisa yaye iqwalsaela imisebenzi eyenziwa licandelo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi. Ukwenza oku kuyayinceda le Komiti ukuze ikwazi ukunika ingxelo ngokusebenza ngokugqibeleleyo kwecandelo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi. Umsebenzi wophicotho-zincwadi lwangaphakathi wenziwe ngabantu abavela ngaphandle kulo nyaka-mali uphengululwayo.

Le Komiti inike ingqalelo irejista yobungozi ehlaziyiweyo ngokwenkqubo-sikhokelo yolawulo lobungozi nemigaqo-nkqubo eyamkelwe ligosa elithabath'uxanduva. Le Komiti isiphononongile yaze yasivuma isicwangciso sophicotho-zincwadi lwangaphakathi sobungozi seminyaka emithathu.

Ikomiti yanelisekile kukusebenza ngokufezekileyo kophicotho-zincwadi lwangaphakathi.

## Ukufezeka kolawulo lwangaphakathi

Ikomiti iphononongе ukufezeka kolawulo lwangaphakathi yaza yaphengulula inkqubo yophononongo lobungozi ngokwenza ezi zinto zilandelayo:

- Izimase indibano yokuncazelana ngolwazi yovavanyo lobungozi nabo bonke abathathi-nxaxheba abangundoqo;
- Ithabathe ukusebenza ngokufezekileyo kweenkqubo zolawulo lobungozi njengento eqhubekayo eyenziwa ngabaphathi;
- Iqwalasele inkqubo yokulandelela zonke izinto ezifuna ukuphandwa ezifunyenwe ngabaphicothi-zincwadi ukuze iqinisekise ukuba ziyalungiswa ngokupheleleyo;
- Ifune isiqinisekiso kubaphathi sokokuba ikho into eyenziwayo kwimiba enxulumene naleyo ikhankanywe ngabaphicothi-zincwadi;
- Inike abaphathi kunye negosa elithabath'uxanduva isikhokelo neengcebiso zokuqinisa iinkqubo zokulawula ubungozi kunye neenkcukacha zokusebenza xa kuphononongwa iingxelo zekota.

- IKomiti iphengulule iingxelo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi yafumanisa apho iziko libuthathaka khona yaza yagqala ukufaneleka kweempendulo zabaphathi ukuqinisekisa ukuba siyathotywa isantya sokuvela kobungozi kwanokuba imeko yolawulo lwangaphakathi iyaqhubeka nokuphucuka.

IKomiti yanelisekile yinto yokokuba iPlayhouse Company ithe gqolo ukugcina umgangatho ofanelekileyo wolawulo lwangaphakathi.

IKomiti iyangqinelana nabaphicothi-zincwadi ngelithi ulawulo lwangaphakathi lusebenza ngokufezekileyo kwanokuba luthembekile kwanokuba imiba exelwe ngababaphicothi-zincwadi bangaphakathi kulo nyaka ayibonisanga kusilela kuphathekayo.

Ulawulo lweengxelo zenyanga/zekota ezithunyelwa ngokuyalela kwePFMA kunye noMthetho woKwahlula iNgeniso lube lolwanelisayo ngokweziphumo zengqwalasela nezophicotho-zincwadi lwangaphakathi.

## Ingxelo yolawulo yenyanga/yekota

IPlayhouse Company ithumele iingxelo zenyanga kwiFINCO nakwiKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo kwangexesha kwaye ithumele iingxelo zayo zekota kwiSebe lezoBugcisa neNkcubeko ngokuyalela kwePFMA.

## Ukuphononongа iingxelo zemali

IKomiti yenze ezi zinto:

- Iphononongе iingxelo zekota kuquka neengxelo zemali ukuqinisekisa ukungqinelana nokuchaneka kweenkcukacha;
- Lijonge ukufaneleka, ukwamkelwa nokusetyenziswa ngokungqinelanyo kwengxelo yeloMzantsi Afrika yemikhwa eyamkeleke jikelele yokunik'ingxelo eyamkelwa ligosa elithabath'uxanduva;
- Ihlole umgangatho nokufakwa ngexesha kweenkcukacha zemali enazo iKomiti ukuze ikwazi ukwenza umsebenzi wayo wokongamela ekuhambeni konyaka;
- Iphononongе iingxelo zemali zePlayhouse Company zonyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla kowama-2020 yaye yanelisekile yinto yokokuba ayathotyelwa amagatya oMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente kunye nengxelo yeloMzantsi Afrika emikhwa eyamkeleke jikelele yokunik'ingxelo;
- Iphononongе ingxelo yabaphathi yoMphicothi-zincwadi Jikelele kunye nempendulo yabaphathi;
- Iphononongе ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele yaza yaphawula ukuba iingxelo zemali neenkcukacha zokusebenza azibanga nayo imiba efuna ukuphandwa.

## Ingxelo yoMphicothi-zincwadi

IKomiti inemincili ukuvakalisa ukuba iPlayhouse Company ifumene ingxelo yoMphicothi-zincwadi engenasikhwasilima. IKomiti iyangqinelan akwaye iyakwamkela ukuqukumbela koMphicothi-zincwadi kwiingxelo zemali zonyaka kungoko iKomiti inoluvo lokokuba iingxelo zemali zonyaka eziphicothiweyo mazamkelwe zize zifundwe kunye nengxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele.

IKomiti ithabatha eli thuba ukuvuyisana neBhunga kunye nabaphathi beziko ngemigudu yabo nokusebenza ngokuzimisela ukuze bafumane ingxelo yoMphicothi-zincwadi engenasikhwasilima iminyaka emihlanu elandelelanayo, kwaye ithanda ukuvakalisa ilizwi lombulelo ngenkxaso yabo kunye neengxoxo ezineziqhamo ezihle kunye neKomiti.

**Judge Leona Valerie Theron**
**USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo**

# INDIMA D: ULAWULO LWEMICIMBI YABASEBENZI

## 1. Iinkcukacha-Manani Zobongameli Bemicimbi Yabasebenzi

### Iindleko zabasebenzi kwinkqubo nganye

| Inkcitho yeziko iyonke (R'000) | Inkcitho yabasebenzi (R'000) | Inkcitho yabasebenzi eyiphesenti yenkcitho iyonke (R'000) | Inani labasebenzi | Iavareji yeendleko zabasebenzi zomsebenzi ngamnye (R'000) |
|---|---|---|---|---|
| 96 846 | 36 996 | 38% | 78 | 474 |

### Iindleko zabasebenzi ngokwamabakala emivuzo

| Isikhundla | Inkcitho yabasebenzi (R'000) | Iindleko zabasebenzi eziyiphesenti yenkcitho iyonke (R'000) | Inani labasebenzi | Iavareji yeendleko zabasebenzi zomsebenzi ngamnye (R'000) |
|---|---|---|---|---|
| Abaphathi abaphezulu | 2 183 | 6% | 1 | 2 183 |
| Abaphathi abayintloko | 1 492 | 4% | 1 | 1 492 |
| Abasebenzi abanobuchule nabaqeqeshiweyo | 8 144 | 23% | 10 | 814 |
| Abasebenzi abanobuchule | 12 552 | 36% | 32 | 392 |
| Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga | 11 090 | 31% | 34 | 326 |
| Abasebenzi abangenabuchule | | | 0 | |
| **Abasebenzi Bebonke** | **35 461** | **100%** | **78** | **455** |

### Iindleko zoqeqesho

| Inkcitho yabasebenzi (R'000) | Iindleko zoqeqesho (R'000) | Iindleko zoqeqesho eziyiphesenti yeendleko zabasebenzi | Inani labasebenzi abaqeqeshiweyo | Iavareji yeendleko zoqeqesho zomsebenzi ngamnye |
|---|---|---|---|---|
| 36 996 | 310 | 1% | 41 | 7,5 |

### Ingqesho nezithuba ezivulekileyo

| 2018/2019 Inani labasebenzi | 2018/2019 Izithuba eziphunyeziweyo | 2019/2020 Inani labasebenzi | 2019/2020 Izithuba ezivulekileyo | Inani eliyiphesenti lezithuba ezivulekileyo |
|---|---|---|---|---|
| 84 | 93 | 78 | 15 | 16% |

| Inkqubo | 2018/2019 Inani labasebenzi | 2018/2019 Izithuba eziphunyeziweyo | 2019/2020 Inani labasebenzi | 2019/2020 Izithuba ezivulekileyo | Inani eliyiphesenti lezithuba ezivulekileyo |
|---|---|---|---|---|---|
| Abaphathi abaphezulu | 1 | 1 | 1 | 0 | 0 |
| Abaphathi abayintloko | 1 | 1 | 1 | 0 | 0 |
| Abasebenzi abanobuchule nabaqeqeshiweyo | 11 | 12 | 10 | 2 | 2.2% |
| Abasebenzi abanobuchule | 34 | 37 | 32 | 5 | 5.4% |
| Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga | 37 | 42 | 34 | 8 | 8.6% |
| Abasebenzi abangenabuchule | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abasebenzi Bebonke | **84** | **93** | **78** | **15** | **16.2%** |

### Iinguqu kwingqesho

| Salary Band | Ingqesho ekuqaleni kwexesha | Abaqeshiweyo | Abaphelelweyo | Ingqesho ekupheleni kwexesha |
|---|---|---|---|---|
| Abaphathi abaphezulu | 1 | 0 | 0 | 1 |
| Abaphathi abayintloko | 1 | 0 | 0 | 1 |
| Abasebenzi abanobuchule nabaqeqeshiweyo | 11 | 1 | 2 | 10 |
| Abasebenzi abanobuchule | 34 | 2 | 4 | 32 |
| Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga | 37 | 0 | 3 | 34 |
| Abasebenzi abangenabuchule | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abasebenzi bebonke | **84** | **3** | **9** | **78** |

## Izizathu zokushiya kwabasebenzi

| Isizathu | Inani | Iphesenti yenani labasebenzi abashiyayo bebonke |
|---|---|---|
| Ukufa | 0 | 0 |
| Ukushiya esikhundleni | 4 | 44.4% |
| Ukugxothwa | 1 | 11.1% |
| Umhlala-phantsi | 2 | 22.2% |
| Impilo enkenenkene | 1 | 11.1% |
| Ukuphela kwesivumelwano | 1 | 11.1% |
| Ezinye | 0 | 0 |
| **Izizathu zizonke** | **9** | **100%** |

## Unxulumano lwabasebenzi: Ukuziphatha gwenxa kunye nenkqubo yoluleko

| Uhlobo loluleko | Inani |
|---|---|
| Isilumkiso esenziwa ngomlomo | 0 |
| Isilumkiso esibhaliweyo | 1 |
| Isilumkiso sokugqibela esibhaliweyo | 1 |
| Ukugxothwa | 0 |

## Okujoliswe kuko kumakulinganwe kunye nobume bobulungisa kwingqesho

| Izikhundla | Amadoda | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | Antsundu | | Amakhaladi | | Amandiya | | Amhlophe | |
| | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo |
| Abaphathi abaphezulu | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abaphathi abayintloko | 0 | 0 | 0 | 0 | 1 | 1 | 0 | 0 |
| Abasebenzi abanobuchule nabaqeqeshiweyo | 2 | 3 | 0 | 0 | 2 | 2 | 1 | 1 |
| Abasebenzi abanobuchule | 18 | 20 | 1 | 0 | 2 | 2 | 2 | 2 |
| Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga | 17 | 18 | 0 | 0 | 4 | 4 | 1 | 1 |
| Abasebenzi abangenabuchule | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| **Abasebenzi Bebonke** | **37** | **41** | **1** | **0** | **9** | **9** | **4** | **4** |

| Izikhundla | Amabhinqa | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | Antsundu | | Amakhaladi | | Amandiya | | Amhlophe | |
| | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo |
| Abaphathi abaphezulu | 1 | 1 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abaphathi abayintloko | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abasebenzi abanobuchule nabaqeqeshiweyo | 2 | 3 | 0 | 0 | 1 | 1 | 2 | 1 |
| Abasebenzi abanobuchule | 7 | 10 | 1 | 1 | 0 | 0 | 1 | 1 |
| Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga | 7 | 8 | 2 | 2 | 3 | 3 | 0 | 0 |
| Abasebenzi abangenabuchule | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| **Abasebenzi Bebonke** | **17** | **22** | **3** | **3** | **4** | **4** | **3** | **2** |

| Izikhundla | Abasebenzi abaneziphene emzimbeni | | | |
|---|---|---|---|---|
| | Amadoda | | Amabhinqa | |
| | Akhoyo | Inani elifunwayo | Akhoyo | Inani elifunwayo |
| Abaphathi abaphezulu | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abaphathi abayintloko | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abasebenzi abanobuchule nabaqeqeshiweyo | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abasebenzi abanobuchule | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abasebenzi abanobuchule obungagqibelelanga | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Abasebenzi abangenabuchule | 0 | 0 | 0 | 0 |
| **Abasebenzi Bebonke** | **0** | **0** | **0** | **0** |

# PART E: IINKCUKACHA ZEMALI

## 1. Ingxelo Yokuthabath'uxanduva Kunye Nokuqinisekisa Ukuchaneka Kwengxelo Yonyaka

Ngokolwazi nenkolelo yam ndiqinisekisa oku kulandelayo:

Zonke iinkcukacha namanani eziqulethwe yile ngxelo yonyaka ziyangqinelana neengxelo zemali zonyaka eziphicothwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele.

Le ngxelo yonyaka igqibelele, ichanekile yaye akukho zinto zishiywe ngaphandle kuyo.

Le ngxelo yonyaka ilungiswe ngokungqinelana nezikhokelo zengxelo yonyaka ezikhutshwe nguNondyebo kaZwelonke.

Iingxelo zemali zonyaka (Indima E) zilungiswe ngokungqinelana nemigangatho eyamkeleke jikelele yocwangciso-mali esetyenziswa kwiziko likarhulumente.

Igunya elithabatha uxanduva kwiziko linoxanduva lokulungisa iingxelo zemali zonyaka nolokugweba okwenziwa kwezi nkcukacha.

Igunya elithabatha uxanduva kwiziko linoxanduva lokusungula nokumilisela inkqubo yolawulo lwangaphakathi elungiselelwe ukunika ingqiniseko efanelekileyo yokuthembeka nokunyaniseka kweenkcukacha zokusebenza, iinkcukacha zemicimbi yabasebenzi neengxelo zemali zonyaka.

Abaphicothi-zincwadi bangaphandle bathabatha inxaxheba ukuze banike uluvo lwabo oluzimeleyo malunga neengxelo zemali zonyaka.

Ngokoluvo lwethu le ngxelo yonyaka ibonisa ngokufanelekileyo imisebenzi, iinkcukacha zokusebenza, iinkcukacha zemicimbi yabasebenzi kunye nemicimbi yezemali yeli ziko kunyaka-mali ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2020.

Nkszn **Linda Bukhosini**
**INgqonyela kwanoMlawuli wezoBugcisa**

Nkszn **Hlengiwe Christophina Mgabadeli**
**USihlalo weBhunga**

# 2. Ingxelo eyenziwa yiNgqonyela noMlawuli wezobugcisa

## Ukusebenza kwemali

### Ingeniso

Ingeniso iyonke ihle ngomyinge wama-23% ukusuka kwizigidi ezili-R108 yaya kuthi ga kwizigidi ezingama-R84.

- Unobangela wokuhla kwale ngeniso kukuhla kwengeniso eyinkunzi okubalwa ngokweGRAP 23 – Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezizo ezolwananiso nerhafu.

### Iindleko zokusebenza

Zihle ngomyinge we-7% iindleko zokusebenza zisuka kwizigidi ezili-R104 laya kuthi ga kwizigidi ezingama-R97.

- Izinto ezingunobangela woku kuhla kwezi ndleko kukuncipha kokuhla kwexabiso nokuhlawulwa kwamatyala, ukuhla kweendleko ezinxulumene nabasebenzi kunye neendleko zokuvelisa.

### Intsilelo yonyaka

Intsilelo yezigidi ezili-R13 kunyaka wama-2020 ibangelwe kukuhla kwengeniso eyinkunzi ebalwa ngokweGRAP 23 – Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezizo ezolwananiso nerhafu.

## Ubume bezemali

Ekupheleni konyaka iziko iPlayhouse Company libonise ukuba likwimo entle yezemali.

- Ukuhla kwempahla yexabiso engasetyenziswa ngoku ngezigidi ezili-R11 kudalwe ziindleko zokuhla kwexabiso nokuhlawulwa kwamatyala.
- Impahla yexabiso esetyenziswayo inyuke ngesigidi esinye seerandi (R1m) ngenxa yokunyuka kwemali eziinkozo nenye imali elingana nayo.
- Amatyala akudala anyuke ngezigidi ezi-R5.7. Oku kubangelwe kukunyuka komvuzo orhoxisiweyo
- Amatyala akhoyo ehle ngezigidi ezi-R2.3. Oku kubangelwe kukuhla kwezinto zoshishino nezinye izinto ezifunyanwayo.

## Ukungena kwemali

Imali eziinkozo nenye imali elingana nayo inyuke ngezigidi eziyi-R1.4 ukusuka kwizigidi ezingama-R88 yaya kuthi ga kwizigidi ezingama-R89.4. Imali engenayo evela kwimisebenzi ezizigidi ezisi-R7.4 isetyenziselwe ukuhlawula imali ephumayo efakwa kutyalo-mali ezizigidi ezi-R6.

## Inkqubo-sikhokelo yobukhulu

Ibhunga lisebenzisana nabaphicothi-zincwadi bangaphandle bamisele inkqubo-sikhokelo enika amanqanaba amkelekileyo obukhulu nokubaluleka ngolu hlobo:

- Ingeniso neendleko – 1%
- Impahla yexabiso namatyala – 3%

Kusetyenziswa le nkqubo-sikhokelo ilapha ngasentla xa kubalwa ubukhulu kodwa kukho iimeko apho kunokwenzeka kufuneke inqanaba lobukhulu elingqingqwa lize eli nqanaba lilungelelaniswe ngokufaneleyo. Xa kumiselwa la manqanaba obukhulu kusetyenziswa indlea eqiqileyo.



**Nkszn Linda Bukhosini**
**INgqonyela kwanoMlawuli wezoBugcisa**

# 3. Ingxelo yePlayhouse Company enikwa nguMphicothi-zincwadi Jikelele ePalamente

## Ingxelo yophicotho olwenziwe kwiingxelo zemali

### Uluvo

1. Ndiphicothe iingxelo zemali zePlayhouse Company ezikwiphepha lama-49 ukusa kwelama-72 eziquka ingxelo yobume bezemali ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2020, ingxelo yokusebenza kwemali, ingxelo yeenguqu kwintsalela yempahla yexabiso nengxelo yokungena kwemali kunyaka ophelileyo kwakunye namanqaku kwiingxelo zemali kuquka nesishwankathelo semigaqo-nkqubo engundoqo yocwangciso-mali.

2. Ngokoluvo lwam iingxelo zemali zonyaka zibubonisa ngobulungisa kuzo zonke iinkalo eziphathekayo ubume bezemali ePlayhouse Company ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2020, nokusebenza kwemali nokungena kwemali kweli ziko kunyaka ophelileyo kwaye zibonisa ngokungqinelana nemigangatho yaseMzantsi Afrika eyamkeleke jikelele yocwangciso-mali (Imigangatho yaseMzantsi Afrika yeGRAP) kunye neemfuno zoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho woku-1 ka-1999) (iPFMA).

### Isiseko soluvo

3. Uphicotho-zincwadi endilwenzileyo ndilwenze ngokungqinelana neMigangatho yeHlabathi yoPhicotho-zimali (ISA). Uxanduva endinalo ngokuyalela kwale migangatho luchazwa banzi kwisahluko esimalunga noxanduva lomphicothi-zincwadi xa ephicotha iingxelo.

4. Andinabudlelwane neli ziko ngokungqinelana necandelo lama-290 nelama-291 le*Khowudi yeenqobo ezisesikweni zabacwangcisi-mali abanobuchule* yeBhodi yeMigangatho esesikweni yeHlabathi, indima yoku-1 neyesi-3 ye*Khowudi yeenqobo ezisesikweni zabacwangcisi-mali abanobuchule yeBhodi yeMigangatho esesikweni yeHlabathi (kuquka iMigangatho yokuZimela yeHlabathi)* (iikhowudi ze-IESBA) nezinto eziyimfuneko ezisesikweni eziyimfanelo kuphicotho-zincwadi endilwenzayo eMzantsi Afrika. Ndiluzalisekisile nolunye uxanduva lwam lweenqobo ezisesikweni ngokungqinelana nezi zinto eziyimfuneko kunye nekhowudi ye-IESBA.

5. Ndikholelwa ekubeni banele yaye bufanelekile ubungqina bophicotho-zincwadi endibufumeneyo ukuze ndikwazi ukunika isiseko soluvo endinalo malunga nolu phicotho-zincwadi.

### Uxanduva lwegunya elithabatha uxanduva ngeengxelo zemali

6. Ibhunga, ekulilo igunya elithabatha uxanduva linoxanduva lokulungisa iingxelo zemali nokuzinika ngobulungisa ngokungqinelana neMigangatho yeGRAP yaseMzantsi Afrika kunye nezinto eziyimfuneko zePFMA, noxanduva lolawulo lwangaphakathi olubonwa leli gunya elithabatha uxanduva njengoluyimfuneko ukuze kulungiswe iingxelo zemali ezingenamposiso, enokuba yenziwe ngobuqhinga okanye ngempazamo.

7. Uxanduva lwegunya elithabatha uxanduva xa kulungiswa iingxelo zemali kukuphononongа ukuba iPlayhouse Company inako kusini na ukuqhubeka njengeshishini eliqhubekayo lize lidalule imiba enxulumene neshishini eliqhubekayo lisebenzisa isiseko socwangciso-mali seshishini eliqhubekayo ngaphandle kwaxa igunya elixhuzul'imikhala yolawulo linenjongo yokuliphelisa ishishini okanye eyokuliyekisa ukusebenza, okanye xa lingenayo enye indlela enokusebenza ngaphandle kokwenza ngolu hlobo.

### Uxanduva lomphicothi-zincwadi jikele xa ephicotha iingxelo zemali

8. Iinjongo zam kukufumana ingqiniseko enengqiqo malunga nokokuba iingxelo zemali zizonke azinayo kusini na imposiso ephathekayo eyenziwe ngobuqhinga okanye eyenziwe ngempazamo, nokukhupha ingxelo yomphicothi-zincwadi enoluvo lwam. Ingqiniseko enengqiqo yileyo ekwinqwanqwa eliphezulu kodwa ayisiso isiqinisekiso sokokuba uphicotho-zincwadi olwenziwe ngokungqinelana nemimiselo ye-ISA luya kusoloko luyibona imposiso xa ikho. Iimposiso zinokuvela xa kusenziwa ubuqhinga okanye zenziwe ngempazamo kwaye zithatyathwa njengezibonakalayo xa zinokuthi zizodwa okanye xa zidityanisiwe zibe nempembelelo kwizigqibo zoqoqosho zabasebenzisi ezithatyathwe phantsi kwesiseko sezi ngxelo zemali.

9. Ingcaciso ethe vetshe yoxanduva lwam kuphicotho-zincwadi lweengxelo zemali ifakwe kwisihlomelo sengxelo yomphicothi-zincwadi.

## Ingxelo yophicotho lwengxelo yonyaka yokusebenza

### Intshayelelo nomda

10. Ngokungqinelana noMthetho woPhicotho-zincwadi kuRhulumente waseMzantsi Afrika, 2004 (uMthetho wama-25 ka-2004) (PAA) nesaziso esikhutshelwe lo mthetho, ndinoxanduva lokuyixela imiba efuna ukuphandwa ephathekayo ekwiinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo zithelekiswa neenjongo ezimiswe ngenx'engaphambili kwiinkqubo ezikhethiweyo ezinikwa kwingxelo yonyaka yokusebenza. Ndisebenzise iinkqubo zokubhaqa imiba efun'ukuphandwa kodwa ekungezizo ezokuqokelela ubungqina bokuvakalisa ingqiniseko.

11. IInkqubo endizisebenzisileyo zijongana neenkcukacha zokusebenza ekufuneka zibe zisekelwe kumaxwebhu eziko ocwangciso lokusebenza avunyiweyo. Akhange ndikuphononongе ukugqibelela nokufaneleka kwezalathisi zokusebenza ezifakwe kumaxwebhu

## 3. Ingxelo eyenziwa nguMphicothi-zincwadi jikelele ngePlayhouse Company ePalamente

ocwangciso. Iinkqubo endizisebenzisileyo azifikelelanga kulo naluphi na udandalaziso okanye amabango anxulumene namacebo okusebenza acetyiweyo nakwiinkcukacha zexesha elizayo ezinokufakwa njengenxalenye yeenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo. Ngoko ke, iziphumo zam azifikeleli kule miba ixelwe apha.

12. Ndikuphononongile ukuba luncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ngokungqinelana nenkqubo eveliswe kwinkqubo-sikhokelo yolawulo lokusebenza nokunik'ingxelo njengoko kuchazwe kwisaziso gabalala senkqubo yesi-2 – uphuhliso loshishino esifumaneka kwiphepha lama-30 ukusa kwelama-32 kwingxelo yonyaka yokusebenza kweziko kunyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2020.

13. Ndisebenzise iinkqubo ukuze ndifumanise ukuba iinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo zinikwe ngokufanelekileyo kusini na kwanokufumanisa ukuba ukusebenza kuyangqinelana namaxwebhu avunyiweyo ocwangciso lokusebenza. Ndisebenzise ezinye iinkqubo ukuze ndifumanise ukuba izalathisi kunye neenjongo ezinxulumene nazo zinokulinganiswa yaye zifanelekile ndaza ndaphononongа ukuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo ukuze ndifumanise ukuba zinyanisekile, zichanekile yaye zigqibelele.

14. Andiyivakalisanga imiba efun'ukuphandwa ukufumanisa ukuba luncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo kule nkqubo.

**Omnye umba**

15. Nditsala umdla kulo mba ulapha ngezantsi.

**Ukuphumeza iinjongo ezicwangcisiweyo**

16. Jonga kwingxelo yonyaka yokusebenza kwiphepha lama-25 ukusa kwelama-34 apho kukho iinkcukacha zokuphunyezwa kweenjongo zonyaka ezicwangcisiweyo neengcaciso ezinikiweyo kwiinjongo ezingaphunyezwanga nezo ziphunyezwe ngokugqithisileyo.

## Ingxelo yophicotho lokuthotyelwa kwemithetho

**Intshayelelo nomda**

17. Ngokungqinelana nePAA kunye nesaziso esikhutshelwe lo mthetho ndinoxanduva lokuyixela imiba efuna ukuphandwa ephathekayo emalunga nokuthobela imithetho kweli ziko nemiba ethile kwimithetho engundoqo. Ndisebenzise iinkqubo zokubhaqa imiba efuna ukuphandwa ezingezizo ezokuqokelela ubungqina bokuvakalisa ingqiniseko.

18. Ayikho imiba efun'ukuphandwa ephathekayo engokungayithobeli imithetho kwizinto ezikhethekileyo eziyimfuneko kwimithetho elawulayo njengoko kubalulwe kwisaziso gabalala esikhutshelwe umthetho iPAA.

## Ezinye iinkcukacha

19. Igunya elithabatha uxanduva kwiziko linoxanduva lwezinye iinkcukacha. Ezinye iinkcukacha ziquka iinkcukacha ezifakwe kwingxelo yonyaka. Ezinye iinkcukacha aziziquki iingxelo zemali, ingxelo yomphicothi-zincwadi kunye nezo nkqubo ezichongiweyo ezinikwe kwingxelo yonyaka yokusebenza ezixelwe ngokukodwa kwingxelo yomphicothi-zincwadi.

20. Uluvo lwam kwiingxelo zemali nakwimiba efun'ukuphandwa kwiinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo kunye nokuthotyelwa kwemithetho aluziquki ezinye iinkcukacha yaye andiluvakalisi uluvo lophicotho-zincwadi okanye nasiphi na isigqibo sengqiniseko kuzo.

21. Uxanduva lwam ngokunxulumene nophicotho-zincwadi endilwenzileyo kukufunda ezinye iinkcukacha ndize ndigqale okokuba ezinye iinkcukacha zinokungangqinelani okuphathekayo neengxelo zemali kunye neenkqubo ezichongiweyo ezinikwe kwingxelo yonyaka yokusebenza okanye ulwazi lwam endilufumene kuphicotho-zincwadi okanye xa zikhangeleka zinemposiso ephathekayo.

22. Xa emva kokuba ndiwenzile umsebenzi wam ndigqiba ekubeni kukho imposiso ephathekayo kwezinye iinkcukacha kufuneka ndikuxele oku, akukho nto ndinokuyixela apha ngokunxulumene nalo mba.

## Ukusilela kulawulo lwangaphakathi

23. Ulawulo lwangaphakathi ndilugqale ngokuphathelele kuphicotho-zincwadi endilwenzileyo lweengxelo zemali, iinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo nokuthotyelwa kwemithetho elawulayo; kodwa injongo yam ibingeyiyo eyokuvakalisa nayiphi na ingqiniseko kulawulo lwangaphakathi.

24. Akukho kusilela kuphathekayo endikufumeneyo kulawulo lwangaphakathi.

Auditor-General

Pietermaritzburg

30 kweyoMsintsi 2020

AUDITOR-GENERAL
SOUTH AFRICA
Auditing to build public confidence

# Isihlomelo – Uxanduva loMphicothi-zincwadi jikelele kolu phicotho-zincwadi

1. Njengenxalenye yophicotho-zincwadi olwenziwa ngokungqinelana ne-ISA ndigweba ngobuchule yaye ndiyigcine inobuchule intandabuzo yam xa ndisenza uphicotho-zincwadi lweengxelo zemali kunye neenkqubo endizisebenzise kwiinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo zeenkqubo ezichongiweyo nakwindlela iziko eliyithobela ngayo imithetho ngokunxulumene nemiba echongiweyo.

## Iingxelo zemali

2. Ngaphaya koxanduva endinalo lokuphicotha iingxelo zemali njengoko kuchazwe kwingxelo yophicotho-zincwadi ndenza ezi zinto zilandelayo:

- ukwalatha nokuphononongа ubungozi bemposiso ephathekayo kwiingxelo zemali nokokuba ngaba imposiso leyo yenziwe ngobuqhinga okanye ngempazamo, ukuyila nokusebenzisa iinkqubo zophicotho-zincwadi eziphendula kobu bungozi, kunye nokufumana ubungqina bophicotho-zincwadi obaneleyo nobufanelekileyo ukuze bunike isiseko soluvo lwam. Ubungozi bokungayiboni imposiso ephathekayo eyenziwe ngobuqhinga bungaphezulu kobo bemposiso eyenziwe ngempazamo njengoko ubuqhinga bunokuthi bubandakanye iyelenqe, ukuqhatha, ukushiy'izinto ngaphandle ngabom, ukugqwetha okanye ukungananzwa kolawulo lwangaphakathi
- ukuluqondisisa ulawulo lwangaphakathi olunento yokwenza nophicotho-zincwadi khon'ukuze ndiyile iinkqubo zophicotho-zincwadi ezifanele imeko nganye kodwa oku ndingakwenzi ngenjongo yokuvakalisa uluvo malunga nokusebenza ngokukuko kolawulo lwangaphakathi lweli ziko
- ukuphononongа ukufaneleka kwemigaqo-nkqubo yocwangciso-mali esetyenziswayo kwakunye nokuqiqa kothelekelelo locwangciso-mali nokubhengeza okunxulumeneyo okwenziwe ligunya elithabatha uxanduva
- ukwenza isigqibo ngokufaneleka kwendlela igunya elithabatha uxanduva elisisebenzisa ngayo isiseko socwangciso-mali seshishini eliqhubekayo xa kulungiswa iingxelo zemali. Kwakhona ndenza isigqibo esisekelwe kubungqina bophicotho-zincwadi endibufumeneyo sokokuba kukho ukuthandabuza okumandla okunxulumene neziganeko okanye iimeko ezinokwenza intandabuzo enkulu yokokuba iziko iPlayhouse Company lingaqhubeka njengeshishini eliqhubekayo. Xa ndifumanisa ukuba kukho ukuthandabuza okumandla kufuneka ndichaze kwingxelo yomphicothi-zincwadi ukubhengezwa kweengxelo zemali okunxulumene nokuthandabuza oko, okanye xa oku kubhengezwa kungonelanga ndoluguqule uluvo lweengxelo zemali. Izigqibo zam zisekelwe kwiinkcukacha endizifumene ngomhla ndisenza ingxelo yomphicothi-zincwadi. Noxa kunjalo, iziganeko okanye iimeko zexa elizayo zinako ukubangela ukuba eli ziko liyeke ukuba lishishini eliqhubekayo
- ukuphononongа ukunikwa kweengxelo zemali kukonke, ubume bazo, oko zikuquletheyo kuquka nokubhengeza kwanokuba iingxelo zemali zinika intengiselwano nezehlo ngendlela enobulungisa kusini na.

## Unxibelelwano nabommunication with those charged with governance

3. Ndiye ndinxibelelane negunya elithabatha uxanduva malunga nomda ocwangcisiweyo kunye nexesha lophicotho-zincwadi, kuquka nemiba ephathekayo efun'ukuphandwa yophicotho-zincwadi nayo nayiphi na intsilelo emandla kulawulo lwangaphakathi endithi ndizibhaqe xa ndisenza uphicotho-zincwadi.
4. Kwakhona ndiye ndiqinisekise igunya elithabatha uxanduva ukuba ndizithobele iinqobo ezisemgangathweni eziyimfuneko ezimalunga nokuzimela kwam ndize ndibudandalazise bonke ubudlelwane endinabo kunye neminye imiba enokuthatyathwa njengenefuthe ekuzimeleni kwam ndize ndinike iindlela ezifanelekileyo zokuzikhusela xa kufuneka.

# 4. Ingxelo Yokusebenza Kwemali

## Ingxelo Yobume Bezimali

| | Amanqaku | eyoKwindla 2020 | eyoKwindla 2019 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |
| **IMPAHLA YEXABISO** | | | |
| **Impahla yexabiso elungiselelwe ixesha elizayo** | | | |
| Impahla yexabiso elilifa | 2.1 | 88 330 000 | 88 330 000 |
| Ipropati, oomatshini nezixhobo | 2.2 | 100 388 925 | 111 217 147 |
| Impahla yexabiso engenakuchukunyiswa | 2.3 | 772 148 | 600 991 |
| **Impahla yexabiso esetyenziswa ngoku** | | 91 526 198 | 90 697 202 |
| Izintlu zempahla | 3 | 667 282 | 515 063 |
| Urhwebo nezinye izinto ezifunyanwayo | 4 | 1 441 875 | 2 122 803 |
| Imali eziinkozo nenye imali elingana nayo | 5 | 89 417 041 | 88 059 336 |
| **Impahla yexabiso iyonke** | | **281 017 271** | **290 845 340** |
| **AMATYALA** | | | |
| **Amatyala exesha elide** | | | |
| Umvuzo orhoxisiweyo | 6 | 20 982 905 | 15 255 246 |
| **Amatyala akhoyo** | | | |
| Urhwebo nezinye izinto ezihlawulwayo | 7 | 6 356 769 | 8 704 267 |
| **AMATYALA EWONKE** | | **27 339 674** | **23 959 513** |
| **Impahla yexabiso eyintsalela** | | | |
| Intsalela eyintlanganisela | | 253 677 597 | 266 885 827 |
| **IMPAHLA YEXABISO EYINTSALELA IYONKE KUNYE NAMATYALA** | | **281 017 271** | **290 845 340** |

## Ingxelo Yokusebenza Kwemali

| | Amanqaku | eyoKwindla 2020 | eyoKwindla 2019 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |
| **Ingeniso** | | | |
| **Ingeniso evela kwiintengiselwano zilwananiso** | | **13 030 099** | **14 191 854** |
| Amaziko eenkonzo nezixhobo | 8 | 6 442 251 | 7 155 627 |
| Inzala engenileyo | | 6 587 848 | 7 036 227 |
| **Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezizo ezolwananiso** | | **70 607 640** | **94 684 402** |
| Izibonelelo zemali | 9 | 64 077 340 | 85 771 171 |
| Amalizo nenkxaso-mali (iimveliso) | | 1 350 000 | 3 561 851 |
| Iinkonzo zohlobo oluthile | 25 | 5 180 300 | 5 351 380 |
| **Ingeniso iyonke** | | **83 637 739** | **108 876 255** |
| **Nganeno: Iindleko** | | **96 845 969** | **104 009 525** |
| Ucoceko | | 2 483 062 | 2 375 475 |
| Ukuhla kwexabiso nokuhlawula amatyala | 10 | 16 642 938 | 18 119 343 |
| Umbane | | 5 711 309 | 4 015 728 |
| Iindleko ezinxulumene nabasebenzi | 11 | 36 995 570 | 37 251 177 |
| Iindleko gabalala | 12 | 10 458 461 | 11 111 731 |
| Iindleko zokulungisa nokugcina | 13 | 2 503 482 | 2 119 733 |
| Iindleko zokuvelisa | 14 | 12 826 798 | 19 964 144 |
| Irhafu | | 5 180 300 | 5 351 380 |
| Iindleko zokhuseleko | | 4 044 051 | 3 700 814 |
| **(Intsilelo)Intsalela yonyaka** | 15 | **(13 208 230)** | **4 866 730** |

## Ingxelo Yeenguqu Kwimpahla Yexabiso Eyintsalela

| | Amanqaku | eyoKwindla 2020 | eyoKwindla 2019 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |
| **Intsalela evulayo nexeliweyo kwixa elingaphambili** | | 266 885 827.27 | 262 019 097 |
| (Intsilelo) Intsilelo yonyaka | | (13 208 229.77) | 4 866 730 |
| **Intsalela evalayo eyintlanganisela** | 16 | **253 677 597.17** | **266 885 827** |

## Ingxelo Yokungena Kwemali

| | Amanqaku | eyoKwindla 2020 | eyoKwindla 2019 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |
| **Imali engenayo evela kwimisebenzi** | | | |
| Imali efunyenwe kubanikeli nakubaxumi | | 93 533 424 | 116 854 650 |
| Imali ehlawulwe abaniki beenkonzo nabasebenzi | | (92 777 000) | (96 868 257) |
| **Imali eyenziwe ngemisebenzi** | 17 | 756 424 | 19 986 393 |
| Inzala engenileyo | | 6 587 848 | 7 036 227 |
| **Imali eyintsalela evela kwimisebenzi** | | **7 344 272** | **27 022 620** |
| **Imali engenayo efakwa kutyalo-mali** | | | |
| Izongezo kwipropati, koomatshini nakwizixhobo | | **(5 477 315)** | **(28 676 534)** |
| Izongezo kwizinto ezingenakuchukunyiswa | | (513 126) | (106 090) |
| Inzuzo evela kwipropati, koomatshini nakwizixhobo | | 3 874 | 0 |
| **Imali eyintsalela esetyenziswe kutyalo-mali** | | **(5 986 567)** | **(28 782 624)** |
| **Imali engenayo evela kwimisebenzi yezemali** | | | |
| Ukuhla kwemali-mboleko yexesha elide | | - | - |
| **Imali eyintsalela evela kwimisebenzi yezemali** | | **-** | **-** |
| **Intsalela yokunyuka (yokuhla) kwemali eziinkozo nemali elingana nayo** | | 1 357 705 | (1 760 004) |
| Imali eziinkozo nemali eligana nayo ekuqaleni konyaka | | 88 059 336 | 89 819 339 |
| **Imali eziinkozo nemali elingana nayo ekupheleni konyaka** | **5** | **89 417 041** | **88 059 336** |

# Imigaqo-Nkqubo Yocwangciso-Mali

## 1. Imigaqo-nkqubo yocwangciso-mali

***1.1.*** Iingxelo zemali zilungiswe ngokungqinelana nemigangatho eyamkeleke jikelele yocwangciso-mali esebenzayo (iGRAP) kuquka naziphi na ezinye iinkcazo, izikhokelo nemiyalelo ekhutshwe yiBhodi yeMigangatho yoCwangciso-mali ngokungqinelana neSahluko sama-55(1)(b) soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, (uMthetho wama-29 ka-1999). Impahla yexabiso, ingeniso neendleko azilinganiswanga ngaphandle kwalapho ukulinganiswa kwazo kuyimfuneko okanye kuvunyelwa nguMgangatho we GRAP. Imigaqo-nkqubo yocwangciso-mali isetyenziswa ngokungqinelana naleyo isetyenziswa kwiingxelo zemali zonyaka ogqithileyo nezalo nyaka uphezulu, ngaphandle kwalapho kucaciswe gca. Iinkcukacha zaoz naziphi na iinguqu ezikwimigaqo-nkqubo yocwangciso-mali zicaciswa kumgaqo-nkqubo ofanelekileyo.

Iingxelo zonyaka zemali zenziwe phantsi kwesiseko esongezelelayo socwangciso-mali kwaye zingqinelana nemvumelwano yeendleko eyimbali ngaphandle kwezixhobo zemali ezilinganiswe ngexabiso elifanelekileyo.

Le migaqo-nkqubo yocwangciso-mali iyangqinelana neyonyaka ophelileyo.

Imigangatho yeGRAP evunywe yiBhodi yeMigangatho yoCwangciso-mali esetyenziswa ePlayhouse Company.

GRAP 1 Ukunika iingxelo zemali
GRAP 2 Iingxelo zokungena kwemali
GRAP 3 Imigaqo-nkqubo yocwangciso-mali, iinguqu kuthelekelelo nakwiimpazamo zocwangciso-mali
GRAP 4 Ifuthe leenguqu kwiqondo lokutshintshiselana ngemali yakumazwe angaphandle
GRAP 9 Ingeniso evela kwiintengiselwano zolwananiso
GRAP 12 Izintlu zempahla
GRAP 13 Ukuqeshisa
GRAP 14 Izehlo ezisemva komhla wokunik'ingxelo
GRAP 17 Ipropati, izixhobo noomatshini
GRAP 19 Iminikelo, amatyala asenokubakho kunye nempahla yexabiso enokubakho
GRAP 20 Ukudalula kweqela elinonxulumano
GRAP 23 Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezizo ezolwananiso zerhafu notshintshiselwano
GRAP 24 Ukunika iinkcukacha zohlahlo-lwabiwo mali
GRAP 25 Amaqithi-qithi anikwa abasebenzi
GRAP 26 Ukuchitha impahla yexabiso engenisa imali
GRAP 31 Impahla yexabiso engenakuchukunyiswa
GRAP 103 Impahla yexabiso elilifa
GRAP 104 Izixhobo zemali
GRAP 108 Izinto ezifunyanwayo zomthetho
IFRIC 22 Uthelekelelo lwexabiso lwemali yamazwe angaphandle nengqalelo ebanzi

Ezi ngxelo zilandelayo zemigangatho eyamkeleke jikelele yocwangciso-mali (iGRAP) ekhutshwe yiBhodi yeMigangatho yoCwangciso-mali iyasebenza kodwa ayisebenzi ePlayhouse Company:
GRAP 5 Iimboleko
GRAP 6 Iingxelo zemali ezidityanisiweyo nocwangciso-mali lwamziko alawulwayo
GRAP 7 Ucwangciso-mali lotyalo-mali ngokubambisana
GRAP 8 Ukunik'ingxelo yezemali ngenzala efunyenwe kushishino lwendibaniselwano
GRAP 10 Ukunik'ingxelo yezemali kuqoqosho oluguquguquka ngamandla
GRAP 11 Iikontraka zokwakha
GRAP 16 Utyalo-mali kwipropati
GRAP 18 Ukunik'ingxelo ngezigaba
GRAP 21 Ukuchitha impahla yexabiso engangenisi mali
GRAP 27 Ezolimo
GRAP 32 Ulungelelwaniso lwemvume yenkonzo: Umnikeli
GRAP 100 Imisebenzi eyekisiweyo
GRAP 105 Ukugqithiswa kwemisebnzi phakathi kwamaziko aphantsi kolawulo olufanayo
GRAP 106 Ukugqithiswa kwemisebenzi phakathi kwamaziko angekho phantsi kolawulo olufanayo
GRAP 107 Ukudityaniswa
GGRAP 109 Ukunik'ingxelo okwenziwa ngabaphathi naziiarhente
IFRS 4 Iikontrakthi zeinshorensi
IFRS 6 Ukuvumbulula nokuthelekelela ixabiso lezimbiwa
IFRIC 12 Izivumelwano zolungelelwaniso lwenkonzo
IAS 12 Ingeniso yerhafu
IFRIC 4 Ukufumanisa okokuba ngaba ulungelelwaniso luquka ukuqeshisa
IFRIC 12 Ulungelelwaniso lwezivumelwano zenkonzo
IFRIC 20 Ukucutha iindleko zesigaba sokuvelisa umphezulu womgodi
IFRIC 23 Ukungaqiniseki ngokuphathwa kwengeniso yerhafu
SIC 25 Ingeniso yerhafu – Iinguqu kubume berhafu yeziko okanye babanini-zabelo kwiziko
SIC 29 Ulungelelwaniso lwesivumelwano seenkonzo - Ukudalula
IGRAP 17 Ulungelelwaniso lwesivumelwano seenkonzo apho umnikeli alawula khona inzala enkulu eyintsalela kwimpahla yexabiso
IGRAP 18 Ukuwamkela nokungawamkeli umhlaba
IGRAP 19 Imfanelo yokuhlawula irhafu
Ucwangciso-mali olusisikhokelo samalungiselelo enziwayo ngkungqinelana nenkqubo yezezindlu kuzwelonke.

## Imigaqo-Nkqubo Yocwangciso-Mali (liyaqhutywa)

Ezi ngxelo zilandelayo zemigangatho eyamkeleke jikelele yocwangciso-mali ekhutshwe yiBhodi yeMigangatho yoCwangciso-mali ziyasebenza kodwa azisebenzi ngokupheleleyo kumaziko aseburhulumenteni aphantsi kweshedyuli 3A ne-3C nakumaziko omgaqo-siseko:

| | *Umhla eziqale ngawo ukusebenza* |
|---|---|
| GRAP 34 Iingxelo zemali ezahlukeneyo | 01 kuTshazimpuzi ngo-2020 |
| GRAP 35 Iingxelo zemali ezimanyiweyo | 01 kuTshazimpuzi ngo-2020 |
| GRAP 36 Utyalo-mali lwendibaniselwano namashishini endibaniselwano | 01 kuTshazimpuzi ngo-2020 |
| GRAP 37 Ulungelelwaniso lwendibaniselwano | 01 kuTshazimpuzi ngo-2020 |
| GRAP 38 Ukudalula inzala kumanye amaziko | 01 kuTshazimpuzi ngo-2020 |
| GRAP 110 Izixhobo eziphilayo nezingaphiliyo | 01 kuTshazimpuzi ngo-2020 |

Ezi nqobo zolwamkelo nokulinganisa zilapha ngasentla kwiingxelo zeGRAP xa zithelekiswa neengxelo zeGAAP ezingene endaweni yazo azahlukanga okanye azenzi mahluko umandla kwizinto ezinikwayo nezidalulwa kwiingxelo zemali.

### 1.2. *Ukusebenzisa uthelekelelo nokugweba*

Xa abaphathi belungisa iingxelo zemali kufuneka bagwebe, bathelekelele yaye benze izizindlo ezichaphazela ukusetyenziswa kwemigaqo-nkqubo yocwangciso-mali kunye namanani axeliweyo wempahla yexabiso nawamatyala, awengeniso nawenkcitho. Uthelekelelo kunye nezizindlo ezayamene nalo zisekelwe kumava angexa elingaphambili nakwezinye izinto ezahlukeneyo ekukholeleka ekubeni zifanelekile phantsi kweemeko, yaye iziphumo zazo zisisiseko sokugweba ngexabiso lempahla yexabiso kunye namatyala angekacaci avela kweminye imithombo. Iziphumo ezigqibeleleyo zinokwahluka kolu thelekelelo.

Lwenziwa qho uphengululo lothelekelelo nolwezizindlo ezihamba nalo. Uphengululo olwenziwe kuthelekelelo locwangciso-mali lugqalwa xa kuphengululwa uthelekelelo xa olu phengululo luchaphazela eli xesha kuphela okanye ngethuba ngexesha lophengululo nakwixesha elizayo xa uphengululo olwenziwayo luchaphazela kokubini ixesha langoku nelizayo.

Iinkcukacha ezimalunga nemiba ebalulekileyo yothelekelelo, eyentandabuzo neyezigwebo ezingundoqo ekusetyenzisweni kwemigaqo-nkqubo yocwangciso-mali enfuthe elikhulu kwinani eligqalwa kwiingxelo zemali zichazwa kweli nqaku lilandelayo:

Inqaku 1.3 Ipropati, oomatshini nezixhobo

Inqaku 1.5 Impahla yexabiso engenakuchukunyiswa

Inqaku 1.13 Amalungiselelo

### 1.3. *Ipropati, oomatshini nezixhobo*

Inqaku lepropati, oomatshini nezixhobo ezifanelwe kukwamkelwa njengempahla yexabiso ziqala zilinganiswe ngexabiso lazo. Ipropati, oomatshini nezixhobo zixelwa kwiindleko eziyimbali kucuthwe intlanganisela yokuhla kwexabiso lazo neyelahleko yokuchithwa kwazo. Uncedo lwempahla yexabiso lubalwa emva kokuzigqala ngobuchule zonke izinto ezichaphazela iPlayhouse Company. Uncedo lwempahla yexabiso nendlela yokuhla kwexabiso layo iyavavanywa kwakhona qho ngonyaka kwaye zonke iinguqu ezikhoyo kuthelekelelo ziyagqalwa xa kuqingqwa iindleko eziseleyo zokuhla kwexabiso nezokuhlawula amatyala. Alikho ixabiso eliyintsalela lepropati, oomatshini nezixhobo njengoko le mpahla yexabiso isetyenziswa ubomi bayo bonke.

Xa impahla yexabiso ithengwa liziko likarhulumente kungekho ngqalelo okanye kukho encinane (oko kukuthi intengiselwano engeyiyo eyolwananiso), iindleko zayo zithatyathwa njengezilingana nexabiso elifanelekileyo lale mpahla ngomhla ethengwa ngawo.

Impahla yexabiso inikwa ixabiso elifanelekileyo ngendlela yokubuyisa ixabiso elihlileyo. Xa ingekho imalike esebenzayo ixabiso elifanelekileyo liqingqwa ngokuyithelekisa nenye impahla eneempawu ezifanayo nezayo.

Izixhobo zolaleliso ezinkulu zithatyathwa njengepropati, oomatshini nezixhobo xa iziko likarhulumente lilindel eukuzisebenzisa amatyeli aliqela. Kananjalo, xa izixhobo zolaleliso ezinkulu zizakusetyenziswa kuphela ngokunxulumene nenqaku lepropati, oomatshini nezixhobo zixelwa njengepropati, oomatshini nezixhobo.

Ukuhla kwexabiso kubalwa ngendlela yomgca ongqalileyo, ukucima iindleko zempahla yexabiso nganye kumaxabiso athelekelelweyo entsalela ngaphaya kobomi bayo obuthelekelelweyo:

| | | |
|---|---|---|
| Izakhiwo | : | iminyaka engama-50 |
| Iinqwelo-mafutha | : | iminyaka emi-5 ukusa kuma-29 |
| Ifanitshala yeofisi nezinye izixhobo | : | iminyaka emi-5 ukusa kuma-39 |
| Izixhobo zekhompyutha | : | iminyaka emi-3 ukusa kuma-26 |
| Iqonga | : | iminyaka emi- 4 ukusa kuma-49 |
| Izixhobo zendawo yokusebenzela | : | iminyaka emi-5 ukusa kuma-32 |

Alithotywa ixabiso lemisebenzi yezobugcisa yaye impahla yaseqongeni, iikhostyum nomculo kunye nemibhalo yedrama ziyacinywa zisakuthengwa.

Inkcitho elandelayo enxulumene nenqaku lepropati, oomatshini nezixhobo yenziwa xa kunokwenzeka ukuba yonyuswe inzuzo yexesha elizayo yoshishino evela ngokusetyenziswa kwempahla yexabiso. Yonke enye inkcitho elandelayo igqalwa njengenkcitho yexesha elo yenziwe ngalo.

### 1.4. *Ukuchitha impahla*

*Imphala yexabiso engeyiyo imali*

Ixabiso lempahla yexabiso yasePlayhouse Company ngaphandle kwezintlu zempahla liyaphengululwa rhoqo ngomhla ekunikwa ngawo ingxelo ukuze kubonakale ukuba ngaba ikho kusini na imfuneko yokuchitha impahla. Xa ikho kuye kuthelekelelwe ixabiso elinokufunyanwa ngsempahla leyo yexabiso.

Ixabiso elinokufunyanwa lempahla yexabiso bubukhulu bexabiso layo xa isetyenziswa nexabiso layo elifanelekileyo kucuthwe iindleko zokuyithengisa. Xa kuvavanywa ukuchithwa kwempahla kufuneka kuphononongwe imeko ekuyo impahla yexabiso ukuze kuqinisekiswe ixabiso layo. Xa impahla yonakele kangangokuba ayinakulungiseka iyachithwa.

Ilahleko yokuchithwa kwempahla inakanwa xa ixabiso lokuyichitha lingaphaya kwexabiso lokuyithengisa. Ilahleko yokuchitha impahla yexabiso kugqalwa kwingeniso okanye kwilahleko.

*Ukurhoxisa ukuchitha impahla*

Ilahleko yokuchitha impahla iyarhoxiswa xa kukho iinguqu kuthelekelelo olusetyenzisiweyo ukuqingqa ixabiso lokuyibuyisela. Ilahleko yokuchitha impahla irhoxiswa kuphela xa ixabiso lokuyichitha lingagqithi ngaphaya kwexabiso ebelinokuqingqwa kwintsalela yokuhla kwexabiso okanye yokuhlawula amatyala, xa ingakhange igqalwe ilahleko yokuchitha impahla.

## Imigaqo-Nkqubo Yocwangciso-Mali (liyaqhutywa)

### *1.5. Impahla yexabiso engenakuchukunyiswa*

Impahla yexabiso engenakuchukunyiswa efanelwe kukugqalwa njengempahla yexabiso iqala llinganiswe ngeendleko zayo. Impahla yexabiso engenakuchukunyiswa iboniswa ngeendleko ezicuthwe ilahleko yokuhlawula amatyala neyokuchithwa. Ubomi bempahla yexabiso engenakuchukunyiswa buphononongwa rhoqo ngonyaka kwaye naziphi na iinguqu ezikhoyo kuthelekelelo ziyagqalwa xa kuqingqwa iindleko eziseleyo zokuhlawulwa kwamatyala. Ukuhlawulwa kwamatyala kubalwa ngendlela yomgca ongqalileyo wokucima iindleko zempahla yexabiso engenakuchukunyiswa ngaphezu kobomi bayo bokusebenza ngolu hlobo:

| | | |
|---|---|---|
| I-software | : | iminyaka emi-2 ukusa kweli-19 |

### *1.6. Impahla yexabiso elilifa*

Impahla yexabiso elilifa yimpahla enentsingiselo yenkcubeko, yokusingqongileyo, yembali, yendalo, yobunzululwazi, yobuchwepheshe okanye yobugcisa nelungiselelwe ukunceda izizukulwana ezikhoyo nezizayo.

Impahla yexabiso elilifa igqalwa njengempahla yexabiso xa (a) kunokwenzeka ukuba ingenzela iziko inzuzo okanye ibe luncedo kwiziko kwixa elizayo kwanaxa (b) iindleko okanye ixabiso layo elifanelekileyo zinokulinganiswa ngokuthembekileyo.

Impahla yexabiso elilifa ekufaneleyo ukugqalwa njengempahla yexabiso elilifa iya kulinganiswa ngeendleko zayo.

Xa impahla yexabiso elilifa ithengwe ngentengiselwano engeyiyo eyolwananiso iindleko zayo ziya kulinganiswa ngexabiso layo elifanelekileyo gelo xesha ithengwa ngalo.

Emva kokuba impahla yexabiso elilifa igqalwe njengempahla yexabiso iya kumiselwa ixabiso ngeendleko zayo kucuthwe kuzo iindleko zelahleko yokuyichitha.

### *1.7. Izintlu zempahla*

Izintlu zempahla zixatyiswa ngeendleko eziphantsi nentsalela yexabiso elinokufunyanwa. Iindleko zezintlu zempahla ziquka zonke iindleko zokuthenga, ezokuguqula nazo zonke ezinye iindleko ezenziwe xa ziziswa kwindawo ezikuyo ezi zintlu nemeko ezikuyo kwaye ziqingqwa ngokokufika kwazo kuqalwa kukhutshwe ezo zifike kuqala kugqityelwe ngezo zifike kamva. Izintlu zempahla eziphelelwe lixesha, ezingasafunekiyo nezihamba kancinci ziyajongwa qho zize zibhalwe phantsi kuthelekelelo lwexabiso lazo elinokufunyanwa.

### *1.8. Izixhobo zemali*

*Umlinganiselo*

Izixhobo zemali ziqala zilinganiswe ngeendleko eziquka iindleko zentengiselwano. Emva kokuba zigqaliwe okokuqala ezi zixhobo zilinganiswa ngolu hlobo:

*Ushishino nezinye izinto ezifunyanwayo*

Ushishino nezinye izinto ezifunyanwayo ezivela ePlayhouse Company zixelwa ngexabiso elkucuthwe kulo ulungiselelo lwamatyala athandabuzekayo. Izinto ezifunyanwayo ziyacinywa xa zithatyathwa njengezineendleko ezingenakubuyiselwa. Ushishino nezinye izinto ezifunyanwayo kunye nolungiselelo lwamtyala athandabuzekayo zinikwa isaphulelo kusetyenziswa iqondo lenzala yemali-mboleko elisebenzayo apho kufaneleke khona.

*Imali eziinkozo nenye imali elingana nayo*

Imali eziinkozo nenye imali elingana nayo ilinganiswa ngexabiso elifanelekileyo.

*Ushishino nezinye izinto ezihlawulwayo*

Ushishino nezinye izinto ezihlawulwayo ezivela ePlayhouse Company zixelwa ngeendleko zazo. Ushishino nezinye izinto ezihlawulwayo zinikwa isaphulelo kusetyenziswa iqondo lenzala yemali-mboleko elisebnzayo apho kufanelekileyo khona.

*Inzuzo neelahleko zomlinganiselo olandelayo*

Iinzuzo neelahleko ezenzeka xa kuvela iinguqu kwixabiso elifanelekileyo lezixhobo zemali ezingeyiyo inxalenye yobudlelwane zifakwa kwintsalela yengeniso okanye yelahleko ngexesha elo zivela ngalo iinguqu.

### *1.9. Izicwangciso zezibonelelo zomhlala-phantsi*

I-Playhouse Company inomgaqo-nkqubo wokubonelela abasebenzi bayo ngomhlala-phantsi. Imali ehlawulwa yiPlayhouse Company kwezi zibonelelo zomhlala-phantsi ixelwa njengenkcitho.

### *1.10. Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezizo ezolwananiso*

Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezizo ezolwananiso yenzeka xa iziko lifumana inzuzo evela kwelinye iziko lingakhange litshintshiselane ngexabiso elilinganayo. Impahla yexabiso ethengwa ngentengiselwano engeyiyo eyolwananiso liya kuqala lilinganiswe ngexabiso elifanelekileyo ngomhla ethengwa ngawo.

Le ngeniso iza kulinganiswa ngexabiso lokunyuka kwentsalela yempahla yexabiso egqalwe liziko.

Ukungena kwezixhobo ezivela kwintengiselwano engeyiyo eyolwananiso ezigqalwa njengempahla yexabiso ziza kuthatyathwa njengengeniso ngaphandle kwaxa kukho ityala elilingana naloo mali ingenayo. Njengoko iziko ligqala lanelisa imfanelo ethatyathwa njengetyala ngokwezixhobo ezingenayo ezivela kwintengiselwano engeyiyo eyolwananiso, liya kulithoba ixabiso letyala eligqalwe njengexabiso elilingana nelo lithotyiweyo.

I-Playhouse Company ingene kwisivumelwano sokuqesha umhlab anezakhiwo ezithile engazihlawuleliyo.

## Imigaqo-Nkqubo Yocwangciso-Mali (Iiyaqhutywa)

**1.11. *Ingeniso***

*Iminikelo*

Iminikelo enxulumene neendleko zokusebenza igqalwa njengengeniso xa kucacile ukuba iziko liza kuwufumana umnikelo naxa unokuthelekelelwa ngokuthembekileyo, ngaphandle kwaxa kukho imfanelo yokuwusebenzisa lo mnikelo uhlawuliweyo ngendlela ethile okanye yokuwubuyisela kumnikeli. Xa kukho imfuneko yokusebenzisa umnikelo ofunyenwe liziko ngendlela ethile ingekho imfuneko yokuwubuyisela kumnikeli loo nto ixela ukuba akukho mfanelo ngoko ke lo mnikelo uthatyathwa njengengeniso. Xa kukho imfanelo ehamba nalo mnikelo uthatyathwa njengengeniso erhoxisiweyo de kuhlangatyezwane neemfanelo ezikhoyo uze emva koko uthatyathwe njengengeniso.

Iminikelo enxulumene nokuthenga okanye ukwakha impahla yexabiso igqalwa njengengeniso xa kucaicle ukuba iziko liza kuwufumana umnikelo kwanokuba unokuthelekelelwa ngokuthembekileyo, ngaphandle kwaxa kukho imfanelo yokusebenzisa lo mnikelo ngendlela ethile okanye yokuwubuyisela kumnikeli. Xa kukho imfuneko yokusebenzisa lo mnikelo ngendlela ethile ingekho eyokuwubuyisela kumnikeli uthatyathwa njengengeniso.xa kukho imfanelo ekhoyo lo mnikelo uthatyathwa njengengeniso erhoxisiweyo de kuhlangatyezwane neemfanelo ezikhoyo uze emva koko uthatyathwe njengengeniso.

*Inzala yengeniso*

Inzala yengeniso yamkelwa ngokwahlulwa kwexesha ngokuthi kugqalwe imali eyinkunzi kunye neqondo lenzala ngexesha lokuvuthwa kwayo xa kucacile ukuba iPlayhouse Company iza kuyifumana le ngeniso.

*Inzala enxulumene nendawo yokubhukishela izihlalo*

Indawo yokubhukishela izihlalo nenzala ehambisana nayo yamkelwa xa sele ibonisiwe imveliso. Amatikiti ekuphiswa ngawo akhutshelwa ukuthengisa nokunyus'intengo yemveliso awanaxabiso kwaye awafakwa kwingeniso yendawo yokubhukishela izihlalo.

*Enye ingeniso*

Enye ingeniso yamkelwa xa kucacile ukuba iPlayhouse Company iza kuzuza kwizinto zoshishino naxa le ngeniso inokulinganiswa ngokuthembekileyo.

**1.12. *Iinkonzo zodidi oluthile***

Iinkonzo zodidi oluthile zamkelwa ngexabiso lazo elifanelekileyo xa licaicile kwimisebenzi nakwiinjongo zokuhanjiswa kweenkonzo eluntwini naxa kucacile ukuba iziko liza kuzuza kushishino okanye kwinkonzo yexesha elizayo kwanokuba ixabiso elifanelekileyo lempahla yexabiso linokulinganiswa ngokuthembekileyo. Xa iinkonzo zodidi oluthile zingabalulekanga kwimisebenzi nakwiinjongo zokuhanjiswa kweenkonzo kuya kudalulwa kuphela ubume nohlobo beenkonzo zodidi oluthile ezifunyenweyo ngethuba lokunik'ingxelo.

**1.13. *Iminikelo***

Iminikelo ibalwa xa iPlayhouse Company ineemfanelo ezisemthethweni ezikhoyo nezibophelelayo ngenxa yezehlo zexesha eligqithileyo nalapho kucacileyo ukuba iza kuzuza kushishino naxa lungenziwa uthelekelelo oluthembekileyo lwexabiso lwale minikelo. Xa ifuthe lokungayixabisi iminikelo lilikhulu kufuneka ixatyiswe. Iqondo lokuxabisa elisetyenziswayo lelo libonisa uvavanyo lweemarike lwangoku lwexabiso lemali nolomngcipheko wetyala, xa kufanelekile.

**1.14. *Imali eziinkozo nenye imali elingana nayo***

Xa kusenziwa ingxelo yokungena kwemali inqaku lemali eziinkozo nenye imali elingana nayo liquka imali eziinkozo ekhoyo, imali efakwe ebhankini, utyalo-mali, intsalela yee-overdraft, nekuyimali efumanekayo nenokusetyenziswa yiPlayhouse Company ngaphandle kwaxa kuxelwe nto yimbi.

**1.15. *Iqela elinonxulumano***

Intengiselwano yamaqela naonxulumano kukugqithiselana ngezixhobo okanye ngeemfanelo kwamaqela anonxulumano nokokuba ngaba kukho iindleko ezihlawulwayo kule ntengiselwano. Amaqela tahatyathwa njenganonxulumano xa elinye iqela likwazi ukulawula elinye okanye linefuthe elivakalayo kwelinye iqela xa kuthatyathwa izigqibo zemali nezokusebenza okanye xa iziko leqela elinonxulumano kunye nelinye iziko omabini ephantsi kolawulo olufanyo. Inqaku lokudalula linika ingcaciso ebanzi ngeentengiselwano zamaqela anxulumeneyo.

**1.16. *Iimbopheleleko***

Iimbopheleleko ziquka impahla/iinkonzo ezivunyiweyo nezo ezinekontraka kodwa ekungekho nto sele yenziwe kuzo ngexesha kunikwa ingxelo. Iimbopheleleko azibalwa njengetyala kwingxelo yobume bezemali okanye njengenkcitho kwingxelo yokusebenza kwemali koko kufakwa ixabiso lempahla/leenkonzo ezivunyiweyo okanye ezinekontraka kunye nentlawulo eseleyo kumanqaku okudalula xa kuphela unyaka.

**1.17. *Amanani othelekiso***

Amanani othelekiso alungelelanisiwe ukuze angqinelane neenguqu ezinikwayo nezichazwayo, xa kuyimfuneko

**1.18. *Ishishini eliqhubayo***

Kwamkelwe imeko yokuba eli ziko lishishini eliqhubayo xa kusenziwa iingxelo zemali. Abaphathi abanaso isizathu sokukholelwa ekubeni eli ziko liza kuyeka ukuba lishishini eliqhubayo kwixa elizayo, ngenxa yesibophelelo senkxaso-mali evela kwiSebe lezoBugcisa neNkcubeko, ukuzixela ngenx'engaphambili izixhobo zemali kunye nemali ekhoyo.

I-Playhouse Company ifumene isabelo senkxaso-mali sale minyaka mithathu izayo ngokweMTEF kwiSebe lezoBugcisa neNkcubeko.

**1.19. *Ingeniso erhoxisiweyo***

Amatyala ayonyuswa ngokwemali efunyenwe kwiminikelo enemigqaliselo. Ingeniso evela kule minikelo iyarhoxiswa de imigqaliselo ehambisana nayo ibe ihangatyeziwe. Xa ingeniso erhoxisiweyo yeminikelo ifunyanwa ayehla amatyala ahambisana neminikelo.

## Imigaqo-Nkqubo Yocwangciso-Mali (liyaqhutywa)

***1.20. Iinkcukacha zohlahlo-lwabiwo mali***

Uhlahlo-lwabiwo mali oluvunyiweyo lwenziwa phantsi kwesiseko semali eziinkozo luze lunikwe ngenkcazelo yamacandelo emanywe neenjongo zeziphumo zokusebenza, xa kusenzeka oku. Uhlahlo-lwabiw mali oluvunyiweyo lulungiselelwe ixesha eliphakathi komhla woku-1 kuTshazimpuzi ukusa kowama-31 kweyoKwindla. Iingxelo zemali nohlahlo-lwabiwo mali azenziwa phantsi kwesiseko esifanayo socwangciso-mali. Iingxelo zemali zinikwa ngokuzithelekisa neenkcukacha zohlahlo-lwabiwo mali. Uthelekiso nokumanya ingxelo yokusebenza kwemali kunye nohlahlo-lwabiwo mali ukulungiselela ixesha lokunik'ingxelo zifakwe kwingxelo yokuthelekisa uhlahlo-lwabiwo mali kunye nemali ekhoyo.

Intsalela ekwingxelo yokusebenza kwemali imanywa nentsalela yohlahlo-lwabiwo mali uze umahluko obonakalayo uchazwe kwingxelo yokuthelekisa yokuthelekisa uhlahlo-lwabiwo mali nemali ekhoyo, oku kumiselwa yinkqubo-sikhokelo yokubaluleka nobukhulu.

***1.21. Iintengiselwano ngemali yamazwe angaphandle***

Iintengiselwano ngemal iyamazwe angaphandle zishicilelwa ngeqondo lokutshintsh'imali langomhla eyenziwe ngawo intengiselwano. Umahluko wokutshintshwa kwemali ovela xa kuhlawulwa izinto okanye xa kuguqulwa izinto zemali ngamaqondo angafaniyo nalawo beziguqulelwe kuwo ekuqaleni xa kusenziwa iingxelo zemali zonyaka ogqithileyo okanye zonyaka ophezulu ubalwa njengengeniso okanye ilahleko ngelo xesha uvela ngalo. Ingeniso okanye ilahleko evela xa kuguqulwa imali ihlawulwa okanye ihlawuliswa kwinzala kwingxelo yokusebnza kwemali.

# Amanqaku Eengxelo Zemali Zonyaka

| | eyoKwindla 2020 | eyoKwindla 2019 |
|---|---|---|
| | R | R |
| **2. IMPAHLA YEXABISO** | | |
| ***2.1. Impahla yexabiso elilifa*** | | |
| **Imali ekhoyo** | 88 330 000 | 88 330 000 |
| Imali ekhoyo iyonke | 88 330 000 | 88 330 000 |
| Ilahleko yokuchithwa kwempahla | - | - |
| **Imali ekhoyo ekupheleni konyaka** | **88 330 000** | **88 330 000** |

Impahla yexabiso elilifa iquka umhlaba nezakhiwo: Rem of portion 1 of ERF 10636 of Durban. Le propati yanikwa ixabiso nguMasipala waseThekwini ngekaCanzibe ngo-2008

Impahla yexabiso elilifa yamkelwa okokuqala ngeyoKwindla ngo-2011 ngokuyalela kweGrap 23 – Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezizo ezolwananiso, irhafu nokugqithiswa.

Umhlaba nezakhiwo zibhaliswe egameni leSebe leMisebenzi kaRhulumente. I-Playhouse Company iqesha umhlaba nezakhiwo kwiSebe leMisebenzi kaRhulumente ngaphandle kokwenzelelelwa.

Isahluko sama-66 soMthetho iPFMA sibalula ukuba iPlayhouse Company ayivumelekanga ukuba isebenzise ipropati yayo engenakuchukunyiswa nempahla yexabiso elilifa njengesibambiso.

Ayikho impahla yexabiso elilifa ekubanjiswe ngayo ematyaleni.

## Amanqaku Eengxelo Zemali Zonyaka (liyaqhutywa)

***2.2. Ukumanya imali ekhoyo kwipropati, oomatshini nezixhobo***

| | Izithuthi | Izixhobo zokuzilungisa | Ifanitshal ayaseofisini nezinye izixhobo | Izixhobo zekhompyutha | Izixhobo zeqonga | Izixhobo zendawo yokusebenzela | Imisebenzi yobugcisa | Impahla yexabiso eqeshisiweyo (izixhobo zaseofisini, umhlaba nezakhiwo) | Imali iyonke |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | R | R | R | R | R | R | R | R | R |
| **Imali ekhoyo ngowoku-1 kuTshazimpuzi ngo-2018** | **1 411 521** | **27 058** | **2 569 575** | **1 343 830** | **19 055 160** | **190 188** | 450 974 | **75 883 036** | **100 931 342** |
| Ubukhulu bemali ekhoyo | 4 589 557 | 27 058 | 12 865 134 | 3 218 257 | 53 574 580 | 559 051 | 450 974 | 136 434 345 | 211 718 956 |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | (3 178 036) | - | (10 295 559) | (1 874 427) | (34 519 420) | (368 863) | - | (60 551 309) | (110 787 614) |
| WIP | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| Izongezo | - | - | 641 678 | 327 211 | 314 121 | 29 786 | - | 447 385 | 1 760 181 |
| Ulungelelwaniso lwexabiso elifanelekileyo | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| Iintlawulo | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| Ukuchithwa kwempahla | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| Ukuhla kwexabiso | - | - | - | - | - | - | - | 26 916 353 | 26 916 353 |
| Ukuhla kwexabiso okubuyiselwayo | (660 223) | - | (925 274) | (621 091) | (8 921 113) | (65 640) | - | (13 577 829) | (24 771 170) |
| Ukulahla | 435 205 | - | 267 363 | 197 456 | 4 655 731 | 7 026 | - | 1 001 733 | 6 564 514 |
| **Iindleko** | (11 149) | - | (3) | (4 497) | (168 424) | - | - | - | (184 073) |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | (149 537) | - | (52 831) | (25 424) | (2 448 778) | | - | - | (2 676 570) |
| Accumulated depreciation | 138 388 | - | 52 828 | 20 927 | 2 280 354 | | - | - | 2 492 497 |
| **Imali ekhoyo ngowama-31 kweyoKwindla ngo-2019** | **1 175 354** | **27 058** | **2 553 339** | **1 242 909** | **14 935 474** | **161 360** | **450 974** | **90 670 678** | **111 217 147** |
| Ubukhulu bemali ekhoyo | 4 440 020 | 27 058 | 13 453 981 | 3 520 044 | 51 439 923 | 588 837 | 450 974 | 136 881 730 | 210 802 567 |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | (3 264 666) | - | (10 900 642) | (2 277 135) | (36 504 448) | (427 477) | - | (73 127 405) | (126 501 773) |
| WIP | - | - | - | - | - | - | - | 26 916 353 | 26 916 353 |
| Izongezo | - | - | 411 998 | 740 223 | 3 140 887 | - | - | 606 483 | 4 899 591 |
| Ulungelelwaniso lwexabiso elifanelekileyo | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| Iintlawulo | - | - | - | 2 275 182 | 24 641 172 | - | - | - | 26 916 354 |
| WIP | - | - | - | - | - | - | - | (26 338 629) | (26 338 629) |
| Ukuhla kwexabiso | (543 172) | - | (997 595) | (1 083 099) | (9 042 701) | (69 242) | - | (12 538 717) | (24 274 526) |
| Ukuhla kwexabiso okubuyiselwayo | 512 325 | - | 302 914 | 306 175 | 1 430 902 | 14 117 | - | 5 407 125 | 7 973 558 |
| **Ukulahla** | - | - | (2 713) | - | (1 857) | - | - | - | (4 570) |
| Iindleko | - | - | (3 876) | - | (42 952) | | | | (46 828) |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | - | - | 1 163 | - | 41 095 | | | | 42 258 |
| **Imali ekhoyo ngowama-31 kweyoKwindla ngo-2020** | **1 144 507** | **27 058** | **2 267 943** | **3 481 390** | **35 103 877** | **106 235** | **450 974** | **57 806 940** | **100 388 925** |
| Ubukhulu bemali ekhoyo | 4 440 020 | 27 058 | 13 862 103 | 6 535 449 | 79 179 030 | 588 837 | 450 974 | 137 488 213 | 242 571 684 |
| Ukuhla kwexabiso okuyintlanganisela | (3 295 513) | - | (11 594 160) | (3 054 059) | (44 075 153) | (482 602) | - | (80 258 997) | (142 760 483) |
| WIP | - | - | - | - | - | - | - | 557 724 | 557 724 |

Umhlaba nezakhiwo ziquka ezi:
1. Rem of Portion 3 of ERF 615 of Brickfield
2. Portion 3 of ERF 10635 of Durban

Umhlaba nezakhiwo zibhaliswe egameni leSebe leMisebenzi kaRhulumente. I-Playhouse Company iqesha umhlaba nezakhiwo kwiSebe leMisebenzi kaRhulumente ngaphandle kokwenzelelelwa.
Ixesha eziluncedo ngalo, ukuhla kwexabiso lazo nexabiso lempahla yexabiso liyaphononongwa qho ngonyaka lize lilungiswe xa kuyimfuneko.
Iindleko zokulungisa zifikelele kwizigidi ezi-R2,492,593 (2019 : R2,119,733) ezihlawulwe abaniki-zinkonzo bangaphandle.
Imivuzo ehlawulwe abasebenzi bangaphakathi abalungisayo ibe zizigidi ezi-R4,927,333 (2019 : R4,858,781).
Ayikho ipropati, oomatshini nezixhobo ekubanjiswe ngazo ematyaleni.

## Amanqaku Eengxelo Zemali Zonyaka (Iiyaqhutywa)

| | | I-Software | Imali iyonke |
|---|---|---|---|
| *2.3.* | ***Impahla yexabiso engaphathekiyo*** | R | R |
| | **Imali ekhoyo ngowoku-1 kuTshazimpuzi ngo-2018** | **407 588** | **407 588** |
| | Ubukhulu bemali ekhoyo | 1 454 367 | 1 454 367 |
| | Ukuhlawulwa kwamatyala okuyintlanganisela | (1 046 779) | (1 046 779) |
| | Izongezo | 106 090 | 106 090 |
| | Ukuhlawula amatyala | (356 498) | (356 498) |
| | Ukuhlawula amatyala okubuyiselwayo | 443 811 | 443 811 |
| | **Ukulahla** | - | - |
| | Iindleko | - | - |
| | Ukuhlawula amatyala okubuyiselwayo | - | - |
| | **Imali ekhoyo ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngo-2019** | **600 991** | **600 991** |
| | Ubukhulu bemali ekhoyo | 1 560 457 | 1 560 457 |
| | Ukuhlawula amatyala okubuyiselwayo | (959 466) | (959 466) |
| | Izongezo | 513 126 | 513 126 |
| | Ukuhlawula amatyala | (343 614) | (343 614) |
| | Ukuhlawula amatyala okubuyiselwayo | 1 645 | 1 645 |
| | **Ukulahla** | - | - |
| | Iindleko | - | - |
| | Ukuhlawula amatyala okubuyiselwayo | - | - |
| | **Imali ekhoyo ngowama-31 kweyoKwindla ngo-2020** | **772 148** | **772 148** |
| | Ubukhulu bemali ekhoyo | 2 073 583 | 2 073 583 |
| | Ukuhlawula amatyala okubuyiselwayo | (1 301 435) | (1 301 435) |
| | Ukuhlawula amatyala kudityaniswe nokuhla kwexabiso. | | |

| | | eyoKwindla 2020 | eyoKwindla 2019 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |
| *2.4.* | ***Iinguqu kuthelekelelo*** | 7 975 203 | 7 008 326 |
| | Ukuhla kwexabiso nokuhlawula amatyala okubuyiselwayo | | |

I-Playhouse Company iyakuphononongа ukusebenza kwempahla yalo yexabiso qho xa kufika ixesha lokunik'ingxelo. Impahla yexabiso ephelelweyo ithatyathwa njengenobomi obandiswe ngeminyaka emithathu. Iinguqu ezenzeka kuthelekelelo zikhokelela ekubeni zithotywe iindleko zokuhla kwexabiso kunyaka wokubuyiselwa kokuhla kwexabiso. Ezi nguqu zichaphazela iminyaka elandelayo nto leyo ikhokelela ekubeni kunyuke ukuhla kwexabiso kwiminyaka emithathu elandelay lo gama le mpahla isasetyenziswa.

| | | 2020 | 2019 |
|---|---|---|---|
| **3.** | **IZINTLU ZEMPAHLA** | | |
| | Ukutya | 146 911 | 113 371 |
| | Indawo yokusebenzela | 292 768 | 183 902 |
| | Impahla yokunxiba | 94 085 | 94 436 |
| | Iindawo zokugcina jikelele | 133 518 | 123 354 |
| | **Imali iyonke** | **667 282** | **515 063** |
| **4.** | **USHISHINO NEZINYE IZINTO EZIFUNYANWAYO** | | |
| | Izinto zoshishino ezifunyanwayo | 532 866 | 704 275 |
| | Abasebenzi abatyalayo | 1 533 | 5 434 |
| | Ezinye izinto ezifunyanwayo | 1 352 555 | 1 827 558 |
| | | 1 886 954 | 2 537 267 |
| | Nganeno: ukuphelisa amatyala | (445 079) | (414 464) |
| | **Imali iyonke** | **1 441 875** | **2 122 803** |
| *4.1.* | ***Intshukumo kulungiselelo lokuchitha izinto zoshishino ezifunyanwayo*** | | |
| | **Imali eseleyo ngowoku-1 kuTshazimpuzi** | **414 464** | **177 370** |
| | Ulungiselelo lokuphelisa amatyala | 247 171 | 237 094 |
| | Izinto ezifunyanwayo ezicinyiweyo kulo nyaka kuba zingenakufumaneka | (47 444) | - |
| | Imali engasetyenziswanga ebuyiselwe emva | (169 112) | - |
| | Ukucombulula ukungabalwa | - | - |
| | **Imali eseleyo ngomhla wama-31 kweyoKwindla** | **445 079** | **414 464** |

## Amanqaku Eengxelo Zemali Zonyaka (liyaqhutywa)

| | eyoKwindla 2020 | eyoKwindla 2019 |
|---|---|---|
| | R | R |
| **5. IMALI EZIINKOZO NENYE IMALI ELINGANA NAYO EKUPHELENI KONYAKA** | | |
| Imali eziinkozo efumaneka msinyane | 33 478 600 | 28 917 875 |
| **Utyalo-mali – iidiphozithi eziqingqiweyo** | 55 938 441 | 59 141 461 |
| Imali efumaneka kwiintsuku ezingama-30 | - | 4 328 500 |
| Imali efumaneka kwiintsuku ezingama-60 | 18 146 697 | 22 489 210 |
| Imali efumaneka kwiintsuku ezingama-90 | 37 791 744 | 32 323 751 |
| **Imali iyonke** | **89 417 041** | **88 059 336** |

Imali ebalelwa kuma-R274 966 nakuma-R30 360 kubanjiswe ngayo kwiziqinisekiso ezikhutshwe nguFNB egameni lePlayhouse Company ezikhuphela uMasipala waseThekwini nePostmaster. Ezi ziqinisekiso ziza kuphelelwa ngomhla wama-31 kweyoMnga ngo-2025 yaye azisayi kuvuselelwa.

| | 2020 | 2019 |
|---|---|---|
| **6. UMVUZO ORHOXISIWEYO** | | |
| Iminikelo efunyenwe ngaphambi kwexesha | | |
| Isebe lezoBugcisa neNkubeko kuzwelonke | 20 482 905 | 15 255 246 |
| uMasipala waseThekwini | 500 000 | - |
| **Imali iyonke** | **20 982 905** | **15 255 246** |
| **7. USHISHINO NEZINYE IZINTO EZIHLAWULWAYO** | | |
| Izinto zoshishino ezihlawulwayo | 1 354 506 | 1 477 710 |
| Ezinye izinto ezihlawulwayo nezongezekileyo | 1 331 113 | 3 468 812 |
| Umvuzo wekhefu owongezekileyo | 2 635 700 | 2 749 454 |
| Ibhonasi eyongezekileyo | 1 035 450 | 1 008 291 |
| **Imali iyonke** | **6 356 769** | **8 704 267** |
| **8. IINKONZO AMAZIKO NEZIXHOBO** | | |
| Ukuqesha iindawo zemiboniso, iikhostyum, iisethi neqonga elijikelezayo | 2 818 128 | 2 980 474 |
| Ingeniso yendawo yokubhukishela izihlalo | 2 020 928 | 1 773 447 |
| Irenti efunyenweyo | 540 401 | 553 085 |
| Intengiso yotywala nezinye izinto | 235 468 | 441 701 |
| Imisitho | 459 734 | 472 918 |
| Ikhomishini yendawo yokubhukishela izihlalo – iimveliso zangaphandle | 192 537 | 475 689 |
| Inzuzo evela kwintengiso yezithuthi | 1 163 | - |
| Enye ingeniso – eyolawulo, ikhomishini yendawo ethengisa amatikiti | 173 892 | 458 313 |
| **Imali iyonke** | **6 442 251** | **7 155 627** |
| **9. IMINIKELO** | | |
| ISebe lezoBugcisa neNkcubeko likazwelonke (DAC) | 52 485 000 | 49 274 000 |
| Umnikelo owodwa weendleko eziyinkunzi – (DAC) | 951 340 | 27 840 171 |
| ISebe lezoBugcisa neNkcubeko laseKZN | 9 141 000 | 8 657 000 |
| UMasipala waseThekwini | 1 500 000 | - |
| **Imali iyonke** | **64 077 340** | **85 771 171** |

## Amanqaku Eengxelo Zemali Zonyaka (Iiyaqhutywa)

| | Amanqaku | eyoKwindla 2020 | eyoKwindla 2019 |
|---|---|---|---|
| | | R | R |
| **10. UKUHLA KWEXABISO NOKUHLAWULA AMATYALA** | | | |
| **Ukuhla kwexabiso Iepropati, oomatshini nezixhobo:** | | 16 302 874 | 18 206 656 |
